


IZINTO EZIYAKUBAKHO

 KuMzalwana uBoone kunye nerhamente, lena ngokuqinisekileyo ye—yenkulu inyhweba yam yokubuyela eSan Bernardino kwakhona. Le ndawo iphethe ezininzi iinkumbulo zemihla eyagqithayo. Kwaye nokuba ukuba, utyelelo apha, kwaye futhi lusenempembelelo ephilayo, kutheni, ngokuqinisekileyo ikwenza uzive uvuya ngokuba iNkosi ithe yasikhokelela ngale ndlela, kwiminyaka eyagqithayo.

² Bendihleli nje phaya ngaphandle kwindawo yokumisa iimoto, kanye ngoku, ndizama ukukhumbula esinye seziganeko ezenzekayo. Kwakukho uNksk. Isaacson owabe engumtolikeli wam eFinland, kumkhankaso waseFinland, kwaye weza emotweni xa kanye ndandisimka. Waza wathi, “Ilizwi lakho laseFinland.” Kwaye ndiyamangala nje ukuba uNksk. Isaacson uhlala khona apha. Bendingazi. Akuyi kwenzeka ukuba ukhona ngobubusuku, ndiyaqikelela? Nksk. May Isaacson, kwaye ingowaseFinland.

³ Ngoko enye egqamileyo into eziswe kwinkumbulo zam, yayingumhambisi kutya omncinci kwivenkile yokutyela endatyela kuyo, ndaweni ithile kufuphi, bayibiza i-Antlers Hotel. Ndiyakholwa oko kunjalo, ngoku. Kwaye inenekazi elincinci laline. . . ndandithandaza kunye nalo. Laline. . .Lona, elilungileyo elincinci inenekazi, kodwa lalingenomKristu. Ndalimemela emhlanganweni. Kwaye laliphulukene nosana, kwaye ndiyakholwa ukuba umyeni walo, babohlukene. Kwaye sasithandaza ukuba liyakubuyelana nomyeni walo, okanye bayakubuyelana, kunye. Ke, ndiyamangala nje ukuba ela nenekazi lincinci lingabe likhona. Yabona? I. . .

⁴ Kwaye ngoko esinye isiganeko esenzekileyo, yayilusana oluncinci elalizisiwe ukusuka ndaweni ithile, malunga nokuqhumba imini. Kwaye lalufile, kwaye lwalulele ezingalweni zonina. Kwaye lwabuyiselwa ebomini. Ingaba oko. . .Ingaba lamntu ebekhona apha? Kwaye iyeza, ndiyakholwa, ukusuka esizweni phezulu ngale ndlela, ukujikela, ibe ingaphezulu apha. Kwaye umama omncinci uqhube ubusuku bonke, notata, nomama omncinci ehleli phaya, ngokudakumbileyo, ephethe oluncinci lwakhe, olusimo-sifileyo usana. Kwaye ndacinga, “Olunjalo ukholo!” Ukuba bendingumhanahanisi omkhulu ehlabathini, uThixo ebeyakuhlunipha olwakholo lwalamama.

Ndiphethe oluncinci usana ezandleni zam, ngolwa hlobo, ndithandaza. Lwaba shushu, lwaqalisa ukushukuma, lavula amehlo alo amancinci. Ndalunikezela kunina. Ke, babesuka ndaweni ithile. Andicingi ukuba babengamaPentekoste, nakubeni kunjalo. Nje babe. . .Ndiyakholwa yayilibandla

nje elithile, okuya kusuka . . . Andazi nokuba babengawo kwa amaKristu, okanye hayi. Zange ndibabuze. Ndandithabathekile nje kakhulu malunga nosana elabuyiselwa ebomini kwakhona.

Kusukela ngoko, Mzalwana uBoone, maninzi amanzi aye ehla ngomlambo. Kodwa sisakhonza uThixo okwamnye Osasele ekwamnye izolo, namhlanje, naphakade.

⁵ Nje ukujonga macala, ukubona uMzalwana uLeroy Kopp ehleli apha. Lityeli lokuqala ndimbona kwixesha elide. [Umzalwana uthi, “NguPaul Kopp apha.”—Mhl.] Paul. Injalo lonto. ULeroy nguyihlo. Injalo lonto. [“Kwaye yena—yena useRashiya, ngobubusuku, ke mthandazeleni.”] Owu, bethu! Rashiya. Kulungile, oko, ndiyalazi, elikhalipha lejoni phaya, uphaya ngomcimbi kaKumkani. [“Injalo.”] Ke, ndivuya ngenene ukuba lapha nokuva lo usemtsha umlungiseleli esithi wakhuthazwa lulungiselelo esathi saba nalo ngelixa sasilapha. Olungako ukuba lukhulu uchulumankco olululo!

Kwaye ndiyathemba ngoko, ukuba, ekwazini ukuba sine . . . Abantu bemile, kwaye asiyi kwenza kade. Sikhumbula ezo nkonzo zinkulu zempiliso.

⁶ Ngoko, ndiyaqonda ukuba kukho u—u—umzalwana apha ekuhlaleni, ndaweni ithile, obambe umkhankaso wempiliso, uMzalwana uLeroy Jenkins. Ndiyakholwa oko kunjalo. Kwaye ke ndinombulelo kakhulu, ndithemba ukuba iNkosi iyamsikelela kwaye imnika enkulu, enkulu inkonzo. Yona . . .

Bethu, ndizive ndiwongeke kakhulu, ngobu busuku, ukuza ebandleni elinje ngeli. Ndisoloko ndiziva ngcono ebandleni kunokuba ndenzile kuloo maholo. Akukho nto ndichasene nayo nehlo lemidlalo. Kodwa, niyazi, ndi . . . Ingaba kukubanenkolelo, okanye nje ndi . . . Ikhangeleka kum iyinyaniso. Yabona? Bona . . . Uya kuwo loomaholo apho kukho imilo, ukuzamazamana, umdlalo wokuhlekisa, yonke into engenye isenzeka, imimoya engcolileyo ikhangeleka ihlala khona phaya kuzo ezondawo. Ngoko, oko kungakhangeleka ekubeni nenkolelo, kodwa ayinjalo. Kodwa xa usiza ebandleni, uba . . . ngokuqhelekileyo, ngokuqinisekileyo irhamente eyeyomoya, ikhangeleka ngathi, oko kuko, wena—wena uziva eyesukululekweni kakhulu, ngokungathi kukho—kukho into ethile. UBukhona bukaThixo bulapho. Niyazi, ikhangeleka iyeyahlukileyo. Andazi yintoni igalelo elinaso isakhiwo, kodwa kulapho abantu bahlanganiseleneyo. Kakade, abantu abakwabanye bakwenye indawo, kodwa kuloo mabala angcolileyo. Mhlawumbi nje ndim ocinga ngalo ndlela. Kodwa, kakade, ndiyavuya ukuba lapha ngobubusuku.

⁷ Kwaye ngoko asifuni kunigcina xesha lide, kuba sisihlewele esimileyo. Kwaye siyaya, ngomso ebusuku, kwenye eyenye indawo apha. Andazi kwa ukwazi ukuba iphi. Ikufutshane apha. [Umzalwana uthi, “Orange Show Auditorium.”—

Mhl.] Phi? ["Orange Show Auditorium."] Orange Show Auditorium, ukwenzela iinkonzo zangomso ebusuku. Ndi... Oku kuphakathi, ndithetha kukhenketho lweqela lwama—amadoda angosomashishini beFull Gospel Business Men. Ntoleyo, ndibenenyhweba yokuthetha kwihlabathi lonke, ukwenzela bona. Kwaye phaya, umhlobo wenene usimemele ngapha, kwaye siyavuya ukuba semhlanganweni ngobu busuku.

⁸ Ngoku, ngaphambi kokuba sivule iBhayibhile...Ngoku, nabani onamandla ngokwasenyameni angaYivula *ngale* ndlela. Yabona? Kodwa kuthabatha uMoya oyiNgcwele ukuvulela thina iLizwi, uvule ukuqonda kwethu uze utyhile iZibhalo. Ndiyakholelwa eBhayibhileni. Ndiyakholelwa ukuba iLiLizwi likaThixo. Kwaye ndiyakholelwa ukuba umhlaba, okanye abantu bomhlaba, bayakugwetywa ngenye imini ngeliLizwi. Ngoku, oko kungakhangeleka ngokungaqhelekanga. Ngoku, kukho okuninzi ukwahluka ngolwa luvo.

⁹ Bendithetha noyena uthembekileyo umhlobo wam, kungekudala, ongumKatolika. Kwaye wathi, "UThixo uyakugweba ihlabathi ngebandla leKatolika." Ukuba oko kunjalo, eliphi ibandla leKatolika? Yabona? Ke, ukuba Ugweba lona ngobuWisile, ngoku malunga naphi neBhaptizi? Yabona? Ukuba Uligweba ngenye, enye ilahlekile. Ke, kukho ukubhidakala okuninzi phaya.

Kodwa kufanele siye kuYo, ukuze sifumane eyethu—eyethu enyanisekileyo intetho, kwaye iBhayibhile itshilo ukuba uThixo uyakuligweba ihlabathi ngoYesu Kristu. Kwaye yena uliLizwi. UYohane oNgcwele 1, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, kwaye uLizwi ekuye uThixo, kwaye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu." Kwaye amaHebhere 13:8 athi, "Unguye izolo, namhlanje, naphakade." Kwaye ndiyakholwa ukuba oko yiNyaniso. Ngoku, ndiyakholelwa ukuba kwi... .

¹⁰ UThixo, ekuqalekeni, ekubeni engongenasiphelo uThixo; Unesiphelo kwaye...okanye ongenasiphelo, gxebe. Singabanesiphelo. Ingqondo Yakhe inkulu kakhulu, kwaye thina, kwinqondo zethu ezincinci ezinesiphelo, azinakubuqonda Obakhe obukhulu, ubulumko obungenasiphelo. Kodwa ngoko ke, xa Ethetha nayiphi into, ingakhangeleka ngokungaqhelekanga kuthi, ukumva Yena esitsho into ethile eSibhalweni, kodwa kufanele yenzeke. Ndiyakholwa ukuba aMazwi Akhe akasokuze agqithe. Ngoko ke, ndiyakholwa ukuba uThixo, ekwazini ukuba kubuncinci bengqondo yethu enesiphelo asinakutolika ingqondo Yakhe—Yakhe enkulu, Utolika Elilelakhe Yena iLizwi. Akadingi namnye umtoliki. Utolika Elilelakhe Yena iLizwi, ngokungqinela ela Lizwi kwixesha laLo.

¹¹ Ndiyakholwa ukuba, uThixo, ekuqalekeni, okokuba uNowa wayeliLizwi lawo laa mhla, loMyalezo Wakhe.

Ngoku, kweza, emva koko, kweza uMoses. Ngoku, uMoses wayengenakuthabatha iLizwi likaNowa. Wayengenakwakha inqanawa aze abadadise abakhuphe eYiphutha, ukuhla ngoMlambo iNayile, okanye ukubasa kwilizwe lesithembiso, okanye nanjalo njalo. Umyalezo Wakhe awuzange usebenze kumhla kaNowa; leyo yayiyinxalenye yeLizwi likaThixo elalingqinelwe ukuba liyiNyaniso ngoMoses.

Wayengenakho noYesu ukuba neLizwi likaMoses. Kwaye u...uLuther wayengenakho ukugcina ilizwi lecawa yobuKatolika. UWesley, wayengakugcina iLizwi likaLuther. Kwaye amaPentekoste, awabanganakuthabatha iLizwi lobuWisile. Bona...Yabona?

IBandla liyakhula. Isigaba ngasinye, sabelwe eSibhalweni apha. Ke, uThixo, ngoMoya oyiNgcwele, utyhila iLizwi Lakhe, ngokulibonakalisa Lona nokuLingqinela, Ngokwakhe, ebonakalisa ukuba LiLizwi Lakhe lenziwe lenzeka kumhla eLithenjiswa kuwo.

¹² Wakutsho oko uYesu. Wathi, “Ukuba aninakuNdikholelwa, kholelwani imisebenzi endiyenzayo,” kuba yona ingqina ukuba wayeNgubani Yena, yabona, ukuba nabani wayenokwazi iSibhalo.

Ngoku, weza ngendlela engaqhelekanga kakhulu, engaqhelekanga kakhulu, abathe abantu abafuna ukuMkholelwa, ngokuba, “Yena, ekubeni enguMntu, wayezenza Yena uThixo.”

Ke, WayenguThixo, kwisimo. “UThixo wayekuKristu, elixolelanisa ihlabathi kuYe.”

“Kwaye akukho mntu onokuyenza le misebenzi ngaphandle kokuba uThixo unaye,” njengoko simazi uNikodimo wakutsho oko. Ukuba, Isikhungo samaYuda sasikukholwa oko.

¹³ Ngoku, siyakwazi oko, ela Lizwi...Ukuba babelazile iLizwi! Wathi, “Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile naM, ngokuba uMoses wabhala ngaM.” Kwaye siyajonga. Ukuba babenokujonga ngasemva eSibhalweni, babone oko uMesiya awayefanele akwenze, ngoko ngebabemazile Yena ngongqinelo, okokuba, “uThixo, ngoKristu, wayexolelanisa ihlabathi kuYe,” kwaye esenza zenzeke zonke izithembiso ezazingoMesiya, aWayefanele azenze. UYesu wayenobungqina bela Lizwi, esenza ela Lizwi liphilele laa mhla.

¹⁴ Kwaye ndiyakholwa ukuba yinto ekwanye esiphila kuyo namhlanje: UThixo enobungqina beLizwi Lakhe, ngokungqinela oko Athe Uyakukwenza. Ngoku, siyazi ukuba lo ngumhla wosindiso, apho uThixo abiza amadoda ukusuka

ehlabathini, ukusuka kubomi besono, ukuya kubomi benkonzo. Kwaye kumhla apho uThixo wathulula uMoya Wakhe usuka ngaSentla, imiqondiso emikhulu nezimanga zifanele zikhaphe ulungiselelo lwalomhla. Oku yi...xa iimvula zangaphambili nezangasemva zisina, kunye. Kwaye siyazi ukuba kufanele kubekho imiqondiso emikhulu nezimanga. Ntoleyo, kumahlelo amakhulu amaninzi, Oku kwaliwe.

Kodwa ndinombulelo kakhulu ngezi ngcango zivuliweyo endithe ndazifumana, ukuya kuzo, nempembelelo ethi iyinike kumadoda asematsha njengomalusi wenu apha. Oko kubabangele...Njengoko ndiqalisa ukuba mdala, kwaye ndisazi ukuba imihla yam ibaliwe, kwaye ndisazi ngoku ukuba la madoda asematsha angathabatha lo Myalezo aWutshayelele eKuzeni kweNkosi, ukuba Ayizi kwisizukulwana sam. Ntoleyo, endithemba ukuMbona. Ndikhangela Yena imihla yonke, ndiqaphele, ndizigcina ndilungele laa yure.

¹⁵ Ngoku masithethe noMbhali ngaphambi kokuba sifunde iNcwadi Yakhe, njengoko siqubuda iintloko zethu.

Bawo waseZulwini, sinombulelo kuWe, wokuba siphila ngobu busuku, ukubuyela emva kwesi sixeko sikhulu. Sihleli apha kulombono ubanzi apha weentaba, sijonge phezulu kwaye sibona ikhephu, nee-orenji zidubula zityatyamba, ngaxesha linye, elinjani ukubalasele ihlabathi Wena osinike lona lokuba siphile kulo! Kwaye nendlela esiyibonayo yokuba umntu uphazamisile kwaye—kwaye wenza kweli hlabathi, isenza sibe nentloni ngeziqu zethu, Bawo.

Silapha, ngobu busuku, ukuzama ukubeka imigudu yethu, ukuzama ukubangela abantu babone lento inkulu athe uThixo wayenza, kwaye nokwazi ukuba kukho into ethile enkulu nje ngaphesheya. Sanga singajonga kokuya, ngobu busuku, Bawo, njengoko sityhila kwiLizwi Lakho kwaye sifunde. Singalifunda Lona, Bawo, kodwa yenza uMoya oyiNgcwele uLityhile kuthi ngesityhilelo. Kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

¹⁶ Ngoku, nina abo bathanda ukuthabatha imibhalo, no—nokufunda iSibhalo kunye nomlungiseleli, nje—njengokuqhelekileyo besifunda Sona. Kwaye bekuqhele ukuba, xa ndi...iminyaka eyagqithayo, bekungadingeki ndibhale phantsi iZibhalo zam, nanjalo njalo. Kodwa ndiye ndaba mdalana kusukela ngoko. Yabona? Ndisandula kugqitha amashumi amabini anesihlanu, nje kungekudala, amashumi amabini anesihlanu eminyaka egqithileyo. Ke, yenza okubi kancikane. Kodwa ndisazama ukubambelela kuyo yonke into endiyaziyo ukuyenza eLizwini Lakhe, ade Yena andibize.

¹⁷ Ngoku, masityhile kuYohane oNgcwele isahluko se-14, esiqheleke kakhulu iSibhalo esifuna ukusifunda ngobu busuku, ukutsala Koku umxholo, iNkosi ithandile. Pantse bonke bayakwazi oku. Ikhangeleka njalo, amaxa amaninzi,

sisetyenziswa kwiinkonzo zemingcwabo. Kwakhe kwakho ixesha endakhe ndathanda ukushumayela inkonzo yesingcwabo, iyakuba kukweli hlabathi. Malife lize lizalwe kwakhona. UYohane oNgcwele i-14:1 ukuya kwi-7, ndiyakholwa, ndisiphawulile ezantsi apha.

Iintliziyo zenu mazingakhathazeki: ukuba niyakholwa kuThixo, kholwani kananjalo nakum.

Endlwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala: . . . ukuba bekungenjalo, ngendi ngendanixelelayo. Ndiyakunilungisela indawo.

. . . ukuba ke ndimkile ndaya kunilungiselela indawo, ndiyakubuya ndize, ndinamkelele kum ngokwam; ukuze apho ndikhona mna, nibe khona nani.

. . . apho ke ndiya khona mna niyakwazi, nendlela niyayazi.

Uthi uThomas kuye, Nkosi, siyazi. . . apho uya khona; singathini na ukuyazi indlela?

Uthe uYesu kuye, ndim indlela, inyaniso, kunye nobomi: akukho mntu uzayo kuBawo, engezi ngam.

Ukuba benindazile mna, ninge nimazile noBawo ngokunjalo: ngoko ke niyamazi, kwaye nimbonile.

Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo ekufundweni kweLizwi laYo. Kwaye siyakubhekiselela kuLo kwakhona, exesheni njengoko siqhubeka, ngelixa sifuna nje ukuthetha isifundwana esincinci eBandleni.

¹⁸ Ngorhatya olugqithileyo, bendiseYuma; Arizona, apho ikhaya lam ngoku. Ndi—ndi. . . Xa ndandilapha ngaphambili ndandihlala eJeffersonville, Indiana. Ngoku ndibese-Arizona, ngombono undithumela phaya, kwiminyaka embalwa egqithileyo. Kwaye singabahlala phaya ngoku. Andinalo nalinye ibandla phaya.

UMzalwana uGreen, umzalwana wethu apha okunye nathi, useke umnquba apho i. . . enye ye Assemblies of God, ibandla, amabandla asedolophini. Amanzana, kwaye ndiyacinga onke aya kuMzalwana uBrock kunye noMzalwana Gilmore, ashiya lecawa ivuliwe. Waza uMzalwana uPerry Green, osuka—osuka eTexas, wangena wayithabatha indawo, leyo imanyane nathi. Siyavuya ukwazi ukuba—ukuba uMzalwana uGreen uyivulile kwakhona lecawa ebe ivaliwe.

¹⁹ Kwaye kubusuku obugqithileyo, ndithetha eYuma ukwenzela Amadoda Angoosomashishini angamaKristu, ndithethe kwisifundo so *UXhwilo*. Ngoku, oko kungaba sisifundo esingaqhelekanga ukuthetha ngaphakathi, kulo i—itheko, kodwa ubuninzi wonke umntu phaya waye engumKristu. Kwaye leyo yindlela ekuyiyo kule mikhankaso njengawo lona, okanye e—ebandleni. Ndingatsho ngoku, “Bangaphi kuni

abangamaKristu?” Mhlawumbi sonke isandla singabheka phezulu. NingamaKristu. Kwaye ke, ukuba singamaKristu, ndicinga sifanele saziswe kwantlandlolo. Akufanele siqikelele nje kuyo. Sazisiwe yintoni esiyakuba siso isiphelo sohambo lwethu.

²⁰ Kwaye ndifuna ukuthetha kokuya ngobu busuku. Kwaye isifundo siyakuba: *Izinto Eziyakubakho*. Kwaye ngoku, ndithetha kubusuku obugqithileyo ku *UXhwilo*, ke ngobu busuku, ndifuna ukuthetha kwesi sifundo, endinokusibophelela kunye noMyalezo waphezolo. Ngoku, kuyakubakho uXhwilo, siyakwazi oko. Oko kukwixesha elizayo, eliya kubakho.

²¹ Ngoku, uYesu apha uthetha, malunga, Uyandulela ukuya kusilungiselela indawo. “Intliziyu zenu mazingakhathazeki.” Ngoku, Wayethetha kumaJuda. Wathi, “Ngoku, nikholiwe kuThixo, kholwani kanaanalo nakuM. Njengoko niye nakholwa kuThixo, kholwani nakuM, ngokuba ndinguNyana kaThixo.” Yabona? “Kwaye, uThixo,” ngamanye amazwi, “Mna noBawo waM siBanye. UBawo uhlala kuM. Kwaye oko nikubona ekwenza, Ndiyakwenza, asindiM, nguBawo waM ohlala kuM. Uyayenza imisebenzi.”

“UThixo wayekuKristu, elixolelanisela kuYe ihlabathi.”

²² Kwakulula kuloo maJuda awayefundisiwe, kwizizukulwana, ukuba akholelwe okokuba kwakukho omkhulu ongaphezu kwendalo uThixo. Kodwa ukucinga ukuba laa Thixo wehlile kwaye wazityhila Yena ngomntu kaNyana Wakhe, uYesu Kristu, uThixo uhlala emzimbeni wenyama, oko kwakungaphezulwana kubo ukuba ba—bakuqonde.

Kodwa Wathi, “Ngoku, njengoko nikholiwe kuThixo, kholelwani kanaanalo kuM. Kuba endlwini kaBawo waM zininzi iindawo zokuhlala, kwaye Ndiyemka ukuya kunilungiselela indawo.” Ubomi bukaYesu babulungiselela ukuphela, apha emhlabeni.

Wayebabonisile abantu, kwaye waqondakalisa kubo, ukuba wayeNguYehova ebonakaliswe enyameni, ngemiqondiso emikhulu nezimanga, kwaye izalathiso zeBhayibhile athe Walatha kuzo, kwisiqu Sakhe. Kwaye Waqondakalisa ukuba Waye enguThixo, ebonakalisiwe.

Ngoku Wathi, “Xa nibona ubomi baM buphela, buphelela isizathu. Kwaye Ndiyemka, ukuya kunilungiselela indawo; ukuze apho Ndikhoyo, nibelapho nani.” UYesu ngoko ke uxelela abafundi Bakhe ukuba obu bomi abuphelele ekufeni.

²³ Ngoku, ukuthi esi ibisisiqendwana somngcwabo. Khumbulani, thina, ukufa kuhleli kanye phambi kwethu, kwaye asazi nokuba kusenokubakho abanye apha kwesi sakhiwo ngobu busuku abangayikuphuma apha bephila, kobu bomi busenyameni. Kukanjalo ukungaqiniseki okukuko. Imizuzu

emihlanu ukusuka ngoku, isenokuba abatsha, abasempilweni, abantu abatsha kwesi sakhiwo bangaba sisidumbu kwimizuzu emihlanu ukusuka ngoku. Leyo yinyaniso. Kwaye kwakhona, ingaba njalo, kwimizuzu emihlanu ukusuka ngoku, siyakube wonke ubani abe seLuzukweni. Asazi nje. Oko kusezandleni zikaThixo. Wathi uYesu Wayengazi, Ngokwakhe, liyakuba nini ela lixa, kodwa, “Okokusezandleni zikaBawo kuphela.”

²⁴ Ngoku, kodwa, Wayebaxelela bona, ukuba, emva kokufa kukho ukuphila. Ngokuba, “Ndiyakunilungiselela indawo,” oko kuko, ukubamkela bona, kubonakalisa ukuba phaya, Wayethetha kubo, okokuba kwakukho u—ubomi emva kobu bomi buphelile. Kwaye enjani intuthuzelo efanele ukusinika thina sonke, ukwazi ukuba, emva kokuba obu bomi budlulile, kukho ubomi, esithi siye kubo. Kwaye njengoko usiba mdala, oko kuba yinene ngokungaphezulu kuwe. Njengoko uqalisa ukubona imihla yobomi bakho isondela, emva koko iyaqalisa, uyaqalisa ukupakishela kufutshane, ukuzenza ulungele esa siganeko sikhulu. Singoku... Kukuqhubekeka kobu bomi bukwabunye kwelinye ihlabathi, enye indawo.

²⁵ Uzalo lwakho apha lwalucwangciswe kwangaphambili. Ndiyaqikelela niyakukholwa koko. Wonke ubani wenu uyayazi ukuba uzalo lwethu lwalucwangciswa kwangaphambili. Ingaba ubusazi na ukuba ukubakhona kwakho apha zange kwasusela nje kwintsoni okanye ingcinga? Yonke into yayicwangciswe nguThixo, phambi kokusekwa kwehlabathi, yokokuba uyakuba lapha. UThixo ongenasiphelo wayazi. Kwaye uku—ukungabinasiphelo, kwafanela Azi yonke intakumba eyakuthi ibekho emhlabeni, kwaye emangaphi amatyeli eyakuqhanyaza iliso layo. Oko kokungenasiphelo. Yabona? Wena, ezethu ezincinci—ezethu ezincinci iingqondo, azinakukuqiga kuthetha ntoni *ukungabinasiphelo*. UThixo ongenasiphelo, Wazi zonke izinto. Ngoko ke, akukho nto iphume ecaleni.

²⁶ Ukuba siyalazi iLizwi likaThixo, siyazi apho siphila khona. Siyayazi iyure esiphila kuyo. Siyayazi yintoni okungaphambili. Siyabona yintoni esigqithe kuyo. Kwaye iNcwadi kaThixo sisityhilelo sikaYesu Kristu; imisebenzi Yakhe ngazo izigaba, oko kwayokutsho kwiNcwadi yeSityhilelo, kuze emva koko izithembiso Zakhe ezizakuza. Ke, zonke izithembiso Zakhe zinyanisile. UThixo akanakuthetha nalinye iLizwi ngaphandle kokuba Lona liqinisekiswa. Lonke iLizwi Alithethayo kufuneka lizaliseke. Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi...

²⁷ Abanye abantu baxubanisa iGenesis, phaya, xa wathi, “UThixo uyaziphindaphinda.” Hayi. Nje, uqonda ngokuphosakeleyo. Yabona?

UThixo, ekuqalekeni, Wathi, “Makubekho. Makubeko. Makubekho.” Ihlabathi lalimnyama nje, kumbhodamo. Kwa nkqu xa Wathi, “Makubekho ukukhanya,” kusenokuba yaba

ngamakhulu eminyaka ngaphambi kokuba ukukhanya kuvele. Kodwa xa Wakuthethayo, kufanele kwenzeke. Kufuneka ibe ngala ndlela. Yabona? Kwaye Wathetha iLizwi Lakhe. Zona iimbewu zazingaphantsi kwamanzi. Xa Yena wawomisayo umhlaba, ngoko iimbewu zanyuka. Oko Akutshiloyo kufuneka kwenzeke.

²⁸ Wathi, ngabaprofeti. Ndiye ndabhekiselela kuyo kurhatya olugqithileyo. Ngohlobo, thina sithatha u-Isaya, wathi, “Intombi iyakumitha.” Ngubani ongacinga, ngendoda eyayicingelwa phakathi kwabantu, ukutsho ilizwi elinjeya, “Intombi iyakumitha”? Kodwa ngokuba ya . . .

Umprofeti ngumbonakalisi kaThixo. Wenziwe ukuze angabi nakuthetha amazwi akhe. Kufuneka abe ngaMazwi kaThixo athi awathethe. Unje kanye ngesibonakalisi, kwaye ungumlomo kaThixo.

Kwaye ke, ngoko ke, wathi, “Intombi iyakumitha.” Mhlawumbi wayengenakho ukuyiqonda, kodwa uThixo wayithetha ngaye. Ngokuba, Wakuthembisa ukuba, “Akayi kwenza nto ade Ayityhile Yona kubakhonzi Bakhe abaprofeti.” Ngoko, xa waktshoyo oko, yayingamakhulu asibhozo eminyaka ngaphambi kokuba oko kwenzeke. Kodwa kwafuneka yenzeke.

Ekugqibeleni, loo Mazwi kaThixo abambelela esibelekweni sentombi, kwaye yamitha yaza yazisa u-Emmanuel. “Sizalwe u—uMntwana, sinikwe uNyana. IGama Lakhe liyakubizwa, ‘UMcebisi,’ ‘UThixo oligorha,’ ‘INKosana yoXolo,’ ‘UBawo waphakade.’” Kwakufuneka ibe ngala ndlela, ngokuba uThixo walithetha ngomlomo wabaprofeti Bakhe. Kwaye onke aMazwi kaThixo kufuneka ezalisekisiwe.

Ngoko ke, siyazi ukuba uYesu umkile ukuya kulungisa indawo, ukuze amkelele abantu kuYe. Ngobani abo bantu, ndiyathemba sithi abayinxalenye yabo bantu ngobu busuku. Ukuba akunjalo, sihlobo sam, uThixo wenze indlela, imeko, yokuba ube nokubandakanyeka kokuya ukuba uyafuna. Ukwisimo sokuzikhethela. Ungenza ngendlela ofuna ukwenza ngayo. Kodwa ngoku qaphela, ngoku, kweli hlabathi elizayo. Kukho ihlabathi elizayo.

²⁹ Njengozalo lwakho apha, ndithe, wawulungiselelwe. UThixo wazi ukuba uyakuba lapha.

Kwaye ngoku uyayazi, kwa nezinto abazali bakho abazenzileyo, ngoku, abantu bacinga ukuba oko akuyi kuhanjelwa ukusuka kwisizukulwana ukuya kwisizukulwana, kodwa injalo.

³⁰ Ngaphaya kwiNcwadi yamaHebhere, ndiyakholwa, malunga nesahluko se-7, sithetha, uPawulos phaya, ababhali, ndiyakholwa kwakunjalo, wayethetha kwi—kwisiganeko esikhulu esenzeka ku Abraham, okokuba wahlawula izishumi

kuMelkitsedeki, xa wayebuya ekuxabeleni ukumkani. Kwaye ngoku watsho, ukuba, “uLevi wayesesinqeni sika Abraham, xa wahlangana noMelkitsedeki, ekubuyeni kwakhe ekuxabeleni ookumkani.” Kwaye emva koko wakubalela oko ku “Levi ehlawula izishumi, kananjalo, xa wayesesinqeni sika Abraham,” uyise kayisemkhulu.

Kwaye Uvelela izono zabantu phezu kwabantwana babo—babo, ukusuka kwisizukulwana ukuya kwisizukulwana, abangayi kugcina iLizwi Lakhe. Yabona?

³¹ Nonke nanicwangcisiwe kwangaphambili nguThixo. Akukho nto yenzeka ngebhaqo, kuThixo. Wazi konke malunga nayo. Yonke icwangcisiwe kwangaphambili, icwangciselwe izizukulwana ezininzi emva, ukuze ubenakho ukuba lapha ngobu busuku. Ingaba benikwazi oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Cinga nje, ukuba, wena, ngaxesha lithile... Ndiyakukuphinda oku kwakhona. Wena, ngaxesha lithile, wawukutata wakho, kwimfuza katata wakho. Ngoku, wayengakwazi ngela xesha, nawe wawungamazi ngela xesha. Kodwa, uyabona, emva koko wabekwa kumandlalo womhlaba, esibelekweni sikamama, ngomtshato ongcewele. Waze emva koko waba ngumntu obonakaliswe kumfanekiso njengotata wakho, ngoko kukho ubudlelwana.

³² Ngoku, kuphela kwendlela onokuba ngunyana, intombi kaThixo, ngokuba kufanele ube yi...kufanele ube noBomi obunguNaphakade. Kwaye kukho obunye kuphela uBomi obunguNaphakade, kwaye obo buBomi bukaThixo. Uhlobo olunye kuphela loBomi obunguNaphakade, olo yayinguThixo. Phaya, ukuba ngunyana kaThixo, kwakufanele ube kuYe lonke ixesha. Imfuza yoBomi bakho, uBomi bakumoya, ngobu busuku, babukuThixo, uBawo, ngaphambi kokuba kubekho nemolekyule. Yabona? Kwaye akuyonto kuphela ukubonakaliswa kwemfuza yoBomi eyayikuThixo, njengonyana kaThixo.

Ngoku uyabonakaliswa, emveni kokuba iLizwi Lakhe lizile kuwe, ukuza kuKhanyisa esi sigaba. Ubonakalisa uBomi bukaThixo kuwe, ngokuba ungunyana okanye intombi kaThixo. Ngoko ke, uyakufumana endithetha kona? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona? Ukwi...Ngoku wenziwe, uhleli kweli bandla, ngobu busuku, ngokuba umsebenzi wakho kukubonakalisa uThixo kwesi sizwe naba bantu, nakoku kuhlala apho ubandakanyekayo.

Naphina apho ukhoyo, uThixo wayazi ukuba uyakuba lapha, ngokuba kufanele ukuba ube yenye yeemfuza Zakhe, okanye izibonakaliso Zakhe. Kwafanela ukuba ubenjalo. Ukuba wakhe wanjalo, ukuba unoBomi obunguNaphakade, ngoko Yasoloko ibuBomi obunguNaphakade. Kwaye uThixo, phambi

kokuba kubekho isiseko, ihlabathi, wayazi ukuba uyakuba lapha. Kwaye xa iLizwi, okanye amanzi, “ukuhlamba kwamanzi eLizwi” awela phezu kwakho—kwakho, kwabonakaliswa esiqwini. Ngoku unobudlelwana noYihlo, uThixo, njengokuba unabo kunye notata wakho wasemhlabeni. Yabona? Ningabemi bobuKumkani; hayi abemi, kodwa ningabantwana, oonyana neentombi zoThixo ophilayo, ukuba iyenzeka ukuba uBomi obunguNaphakade buhleli kuni.

Ngoku, ngoko, ukuba Ibenjalo, uYesu wayeyinzaliseko kaThixo ibonakalisiwe. Wayeyinzaliseko yentloko buThixo ngokusemzimbeni. Ngoko ke, xa Wezayo emhlabeni kwaye wabonakaliswa enyameni, wawulapha kuYe ngoko, ngokuba Yena wayeliLizwi. “Ekuqalekeni ebekhona uLizwi; uLizwi wayekuThixo, kwaye uLizwi wayenguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama, waza wahlala phakathi kwethu.” ULizwi wenziwa inyama. Ngoko ke, wahamba kunye naYe, xa wawukuYe, xa Wayesemhlabeni. Wava ubunzima kunye naYe, kwaye wafa kunye naYe. Wangcwatywa kunye naYe. Kwaye ngoku uvusiwe kunye naYe, kwaye uzizibonakaliswa ezibonakalisiweyo zikaThixo, uhleli kwezaseMazulwini iindawo; sele uvusiwe, uvuselwe kuBomi obutsha, kwaye uhleli kwezaseMazulwini iindawo kuKristu uYesu. Owu, oko kuthetha lukhulu, kwimihla yangoku, Bandla! Oko kuthetha lukhulu kuthi, ukubona thina sibekwe ngeendawo kuYesu Kristu!

³³ Ngoku, ukuba sizizo ezo zibonakaliswa zikaThixo, asinakuphila ngeemvumo nkolo. Asinakuphila ngobuhlelo. Kufuneka siphile ngeLizwi, ngokuba uMtshakazi yinxalenye yoMyeni, njengomfazi eyinxalenye yomyeni wakhe. Ngoko ke, kufuneka sibe lela Lizwi Mtshakazi. Kwaye yintoni ela Lizwi Mtshakazi? Ukubonakaliswa kwale yure, uMtshakazi, hayi invumo nkolo okanye ihlelo; kodwa esiphilayo isihlabo selizwi likaThixo, isibonakaliswa esiphilayo sikaThixo, sidandalazisa ehlabathini izibonakaliswa zikaThixo, ekubunjweni koMtshakazi lowo uzakubonakaliswa kule yure esiphila kuyo.

³⁴ UMartin Luther akabanganakho ukubonakalisa izibonakaliswa esizibonakalisayo, ngokuba okuya kwakusekuqaleni, uvuko, njengokhozo lwengqolowa elaya emhlabeni.

³⁵ Ngoku, sicaphula oku kwakhona. Mhlawumbi uyifundile incwadi, lamJamani esenza intlekisa ngam, kwaye wathi ndingumbaxi wabo bonke ababaxi. Waye—wayechasene ngokwenene nayo yonke into ebizwa uThixo, kwaye wade wenza intlekisa kwa ngoThixo. Wathi, “UThixo onokuvula uLwandle oluBomvu kwaye,” wathi, “athabathe abantu Bakhe; aze ahlale enqumlezise izandla Zakhe esiswini Sakhe, aze avumele (ngezigaba zobumnyama) bonke abo bantu bafe kwaye beve ubunzima, abo bantwana bancinci batyiwe ziingonyama.”

³⁶ Uyabona, iyonke—iyonke inkqubo, lilonke iBandla, lakhiwe phezu kwesityhilelo esiNgcwele. Watsho uYesu, kuMateyu oNgcwele, isahluko se-16, “Inyama negazi azikutyhilanga oku kuwe, kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilile oku kuwe.” Yayiyintoni? Isityhilelo sokuba Waye engubani Yena. “Kwaye phezu kweli Lwalwa, Ndiyakulakhela iBandla laM, kwaye amasango esihogo awanakuLoyisa.” Yabona?

Isityhilelo sikaYesu Kristu kule yure, hayi oko waye Ekuko kwenye iyure, oko waye Ekuko ngoku, iBhayibhile iyabonakalisa, kuyakhula kuMtshakazi, ukuya kwisimo esipheleleyo. Ngoko ke, ukuba ukhozo lwengqolowa, likaKristu, kwafanela liwele emhlabeni, ke kwabanjalo nakuMtshakazi kwafanela ukuba awele emhlabeni, ngazo izigaba zobumnyama. Lonke ukhozo oluthi luye emhlabeni kufanele lufe, okanye alinakuzivelisa, luzivelise kwakhona. Kwaye iBandla elikhulu athe Yena waliseka ngoMhla wePentekoste, ngokuthumela uMoya oyiNgcwele, kwafanela luve ubunzima ngokubulawelwa ukhulo luze luye emhlabeni, kuwo umhlaba kwizigaba zobumnyama, ukuze livelise kwakhona kwisigaba sikaLuther, kwaye luvele kwisimo esipheleleyo soMtshakazi kaYesu Kristu ukwenzela lomhla wokugqibela. Yabona? Akukho ndlela. . .

³⁷ Ngoko ke, uMtshakazi, kuXhwilo, uyakuvela. Kwaye kukho konke kucwangciswe nguThixo, konke kuxhasiwe. Kusukela ekuqalekeni, Wamazi wonke umntu, yonke indawo, ngubani oyakuhlala, konke malunga nayo. Konke kucwangciswe kwangaphambili. UThixo wayazi ukuba iyakuba lapha. Kwaye—kwaye xa. . . Wayenza ngalaa ndlela, ukuze xa sifika phaya. . . Umkile ukuya kusilungiselela indawo. Kwaye xa sifika phaya, iyakube yonke ilungisiwe nje kanye ngobu busuku bulungisiwe, njengale yure ilungisiwe. Ewe. Ulwazi Lwakhe olukhulu lwangaphambili luyamxelela Yena zonke ezi zinto, ngolwazi lokwazi lwangaphambili.

³⁸ Ungokhoyo ndaweni zonke ngokuba Ungowazi izinto zonke; owazi izinto zonke ngokuba Ungokhoyo ndaweni zonke. Ngoko ke, ngolwazi Lwakhe lwangaphambili. . . Ngoku, Akanakuba ngumoya nje phezu komhlaba, ngokuba Yena Usisiqu. Akayiyo nje intsomi. Usisiqu Yena. Uyahlala. Uhlala kwa nasendlini. Uhlala endaweni ebizwa iZulu. Kwaye ngoko ke, ngoKwakhe konke-, ukuba ngokhoyo ndaweni zonke; ngowazi into zonke, ngokwazi zonke izinto, ngoko Ungokhoyo ndaweni zonke ngokuba Wazi izinto zonke.

³⁹ Wena, ngoku, ukhula ukusuka ekuzalweni kwakho, xa wawuzalwa waze wanikezelwa kweli hlabathi. UThixo wayazi ukuba uyakuba lapha kulo mhlaba, kwaye ukhule ukusuka ekuzalweni ukuya ekuvuthweni. Izinto ezazikhangeleka ngokungaqhelekanga kakhulu kuwe, ebutsheni bobufazi bakho, ubutsha bobukhwenkwe bakho, njengabantwana, ngoku zikhangeleka ziyinene kakhulu. Ubungenakuyiqonda

xa wawungumntwana. Kodwa ngoku, njengoko usiba ngumntu omdala, uyaqalisa ukuqonda kwaye ufumanise ukuba yonke into yayibekwe nje kakuhle. Kwaye, wena, ithetha into ngenene kuwe ngoku.

⁴⁰ Ke injalo kuzalo lwakho lokomoya. Wenza izinto ongaziqondiyo, xa wawulusana oluncinci, uze esiguqweni. Unikezele ubomi bakho kuKristu. Wenza ezo zinto zingaqhelekanga. Uyamangala kutheni uyenzile. Kodwa emva kwethuba, xa uvuthwa, njengamaKristu avuthiweyo, emva koko uyayiqonda. Yabona? Kukho into echolayo. Uyabona kwakutheni kwafuneka uyenzile lonto. Uzalo lwakho lokomoya! Uzalo lwakho lwasendalweni lufuzisela olwakho lokomoya.

Inxibelelene njani—njani kuwe, kobu bomi, njengoko ukhula, yonke into inxibelelene kanye ngaphakathi, ngokuba wawenzelwe lanto. Ingaba asiyonto ingaqhelekanga, ubusuku owagxadazela ngabo ukuya emishini, kumhlangano wentente, okanye ibandla elincinci ndaweni ithile ekoneni, kwaye into umshumayeli awayishumayelayo, isifundo esithile, kwaye nje wawela nje esiguqweni? Yabona? Yabona? UThixo wakwazi oko, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Yabona? I—ikhangeleka ngokungaqhelekanga kuwe, kutheni wayenzayo ngoko. Kodwa ngoku uyaqonda; uyakwazi okwenzekayo. Iyanxibelelana kakhulu kuwe kobu bomi, kwaye kananjalo iyakuba kuBomi obuzayo. Eli hlabathi nobomi balo likhangeleka li—liqhubela phambili njengoko uvuthwa. Yonke into ibonakalisa isiya ihamba kakuhle nawe.

⁴¹ Andikholelwa kwi... okokuba umntu kwenzekile nje abe lapha ngebhaqo. Ngoku cinga nje, xa usiza e—ehlabathini, yonke into kufanelwe ilungiswe kwantlandlolo ukwenzela wena, okanye ilungiselelwa kwangaphambili, gxebe, ukwenzela wena. Andiyiqondi ukuba njani thina singacinga ukuba uThixo onokulungiselela thina zonke ezi zinto zilungileyo akana... asinakubeka themba kuYe. Okokuba, ukuba Yena wasizisa kwesi siphithiphithi esikuso ngoku, kwaye wasilungiselela izinto ezilungileyo zobomi apha, kukanganani ukuba ngaphezulu thina esinokuMthemba ngako ukuba alungise izinto ezifanelele ukuba, yabona, izinto ezinguNaphakade! Ikhangeleka, ndithi, ngokungaqhelekanga kakhulu.

⁴² Kwaye a—andingi ukuba iZulu yindawo umama awayeqhele ukundixelela ngayo. Ndiyakholwa ukuba iBandla likhulile ukusuka kokuya. Ukucinga, yayiqhele, kwikhulu leminyaka eyagqithayo, okanye emibini, ndicinga amakhehle ayeqhele ukucinga ukuba wonke ubani othe wafa unyukela eZulwini aze abe nogwali, kwaye—kwaye ahlale phezulu phaya emafini aze—aze adlale ugwali. Ngoku, bayayazi ukuba kwakukho indawo ebizwa iZulu. Kodwa, bona, ukuba oko kunjalo, zonke iimvumi beziyakusegqitha, yabona. Kodwa thina... Kodwa a—asilolohlobo lwendawo. Ayisikokudlala

ugwali, konke konke. Ndiyakholwa, andikholelwa ukuba iBhayibhile ifundisa okuya. Kodwa okuya yayiluqulunqo ababenalo ngaphambi kokuba ukuphelela kweLizwi kubekho, okanye ukuvulwa kwaMatywina Asixhenxe, okuthenjisiweyo kuthi kwesi sigaba, okokuba ngoko siqonde.

Ndiyakholwa ukuba iZulu yindawo yokwenene, nje ngokunye njengoko lena iyindawo yokwenene, yabona, kuba uThixo usiqalise ekukhuleni kwethu ngokomoya kule ndawo. Kwaye ndiyakholwa ukuba iZulu yindawo yokwenene njengale, apho singahlali phezulu phaya ngoNaphakade size sihlale nje phaya elifini. Asidlali nje ugwali lethu, ukwenzela konke—konke ukusuka apha, phakade. Kodwa siya kwindawo eyokwenene apho siyakwenza izinto, apho siyakuphila. Siyakusebenza. Siyakonwaba. Siyakuphila. Siya eBomini, kuBomi obunguNaphakade benene. Siya eZulwini, iparadesi. Njengaye kanye u-Adam no Eva basebenza, kwaye baphila, kwaye batya, kwaye bonwaba, emyezweni wase Eden phambi kokuba isono singene, sisendleleni yethu ukubuyela emva phaya kwakhona, kanye, kanye emva. U-Adam wokuqala, ngaso isono, wasikhuphela ngaphandle. U-Adam wesiBini, ngobulungisa, usibuyisela emva kwakhona; wasigwebela waze wasibuyisela ngasemva.

⁴³ Nina bantu abathatha iiteyiphu ngoku, umyalezo wo “ugwetyelo,” ndifuna niwuthathe. Kwaye nina bathatha iiteyiphu, ndifuna nikufumane okuya. Ndithethile kuko, apha ngaxesha lithile eligqithileyo.

⁴⁴ Jonga indlela umzali wakho wasemhlabeni, phambi kokuba uze apha, ngaphambi kokuba bayazi ukuba wawusiza, balungiselela ukuza kwakho. Cinga nje ngokuya ngoku, abazali bakho basemhlabeni. Ntoleyo, umzali wakho wasemhlabeni ungumfuziselo nje woMzali wasezulwini. “Ukuba siyakwazi ukunika iziphoo ezilungileyo ebantwaneni bethu, kukangakanani ukuba ngaphezulu kokwazi koYihlo waseZulwini ukunika iziphoo ezilungileyo kubantwana Bakhe.” UYesu wathetha la Mazwi. Yabona?

Balungiselela ukuza kwakho. Benza encinci ibhedi yosana, okanye encinci, ezithile ezincinci izihlangwana, nempahla ezincinci, nanjalo njalo. Balungiselela, yonke into yokufikela kwakho, balungiselela kwa ngaphambi kokuba ufike emhlabeni.

⁴⁵ UYesu umkile ukuya kulungiselela ukuza kwethu phaya. Ngoku qaphela. “ENdlwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala.” Okanye, masi . . .

Anditsho ukongeza eLizwini, okanye ukuphungula kuLo, ngokuba asifanele kukwenza oko. Isityhilelo 22 sithi, “Nabani oyakongeza igama, okanye aphungule iLizwi kuYo.” Kodwa

mandikwenze nje oku, hayi nje ngokwesongezo, kodwa nje uku—ukuzisa into.

“ENdlwini kaBawo zininzi iintlobo zeendawo zokuhlala.” Andikholwa ukuba xa sifika eZulwini okokuba siyakube, nje wonke ubani ekhangeleka nje ngokufanayo. Andikholelwa ukuba—ukuba bonke bayakubagwangqa, okanye iinwele ezimnyama, okanye—okanye bancinci, okanye—okanye bonke bakhulu, okanye—okanye bonke iingxilimbela.

Ndiyakholwa ukuba uThixo nguThixo wento ezingafaniyo. Ihlabathi libonakalisa oko. Uneentaba ezinkulu neentaba ezincinci. Uneentili. Uneentlango. Unezinto ezahlukeneyo, ngokuba Walenza ngendlela Awafuna ngayo. Kwaye Wenza amaxesha onyaka; ihlobo, ubusika, intlakohlaza, ukwindla. Wenza amaxesha onyaka. Ibonakalisa UnguThixo wenzinto ezingafaniyo. Wakwenza wena ngokungafaniyo. Amanye amadoda angxola kakhulu; kwaye abanye ngozwilakhe; kwaye abanye balungile; abanye banobubele. Kwaye wena nje ufumana zonke iintlobo zabantu, kwaye ebuKumkanini Bakhe. Yabona?

⁴⁶ Khangela kuPetros oNgcwele, kwaye umgwebe ngo Andrey. Yabona? U-Andrey lalagorha lomthandazi, wahlala nje emadolweni akhe lonke ixesha. Kwaye umpostile uPetros wayengomnye wezo zikhuni zivuthayo zabashumayelayo, kunye—kunye nanjalo njalo. Kwaye uPawulos wayebufundarha kakhulu, kakhulu kwe. . .njengomprofeti, okanye into ethile, kwaye ahlale ngasemva.

⁴⁷ Kwaye, yabona, uMoses wabhala iiNcwadi ezine zokuqala zeNdala. Ntoleyo, awabhala iTestamente eNdala. Ezinye zayo yayiyimithetho, nookumkani, neendumiso, nanjalo njalo, noko othile wakubhalayo kwabaprofeti. Kodwa uMoses wabhala imithetho, iiNcwadi ezine zokuqala zeBhayibhile: Genesis, Eksodus, Levitikus, neDetoronomi.

⁴⁸ Kwaye uPawulosi wabhala iTestamente eNtsha. Yinyaniso leyo. UMatyeu, Marko, Luka noYohane babhala izezo zoko kwenzekayo, nanjalo njalo. Kodwa uPawulosi wahlala umthetho nobabalo, waze wawubeka endaweni yawo. Yabona? Wayengumbhali weTestamente eNtsha. Wasinika imibhalo yeTestamente eNtsha, ebeka iLizwi likaThixo kulungelelwano.

Ngoku qaphelani, *ezininzi*, “ezininzi iindawo zokuhlala,” ezininzi iintlobo zendawo zokuhlala.

⁴⁹ Njenge, ezininzi iintlobo zeenduli; njenge, ezininzi iintlobo zemilambo, imithombo, amachibi. Zazilapha ngelixesha weza apha, kuqala, ngokuba ububele bukaYihlo wakho waseZulwini bazibeka apha. Ngokuba, amanye amadoda athanda iintaba. Abanye abantu bathanda amanzi. Abanye bathanda iintlango. Ke, uyabona, ukuza kwakho, Wasazi isimo sakho noko uyakuba kuko, ke Wayenza nje ngendlela onokuthi uyonwabele ngayo.

Owu! Ndinginga ukuba lowo nguBawo omangalisayo, yabona, ukwazi ukuba Wayenza ngoluhlobo.

Ndiyavuya Wenza iintaba. Ndi—ndiyazithanda iintaba. Ndi...Kwaye ndi—ndiyakuthanda okuya. Apho, abanye, “Owu, andinakuma...Owu, kungaba Waqongqotha ibhokisi yodaka Yakhe phandle phaya.” Kuhle, Wayiqongqotha ukuze ndibenokuyonwabela. Uyabona? Ke ngoko yithi, “Ndiyazithanda iintili, apho ndingabona iindlela ezinde.” Kuhle, izimo ezimbini ezahlukileyo, sobabini thina singamaKristu.

Kodwa uBawo wayazi ukuba uyakuba lapha, waza wakulungiselela yonke into ukwenzela wena phambi kokuba ufike apha. Amen. Ukuza kwakho kokuqala, apha, Wakulungiselela xa wafikayo apha. Akumangalisi oko ukucinga ngoko Yena wakwenzayo?

⁵⁰ Ngoku, ngoku, kodwa khumbula, ezi zizipho nje zomzuzwana, kumfuziselo. “Ngoku, siyazi ukuba uMoses, ekwakheni umnquba entlango, okanye ukuwulungisa, wathi wenza zonke izinto emva kolungelelwano loko wakubonayo eZulwini.” Yabona? Ke, izinto zasemhlabeni zichaza kuphela oko izinto zikaNaphakade zikuko. Kwaye ukuba lo mhlaba esiphila kuwo namhlanje, ekubeni umkhulu kakhulu, njengoko siwuthanda; kwaye sithanda ukuhlala, kwaye siphefumle umoya, kwaye sibone iintyatyambo nezinto; ukuba—ukuba oko, ukuba oku apha kukubonakalisa, oko kufayo kubonakalisa kuphela oko kunguNaphakade. Xa ubona umthi usiva ubunzima, utsala, uzama ukuphila, oko kuthetha kukho umthi ndaweni ithile onganyanzelekanga ukuba wenza okuya.

Xa ubona indoda apha, isiva ubunzima ukuze iphile, umntu othile esibhedlela, okanye kwibhedhi yokugula, okanye kwingozi, esiva ubunzima, kwaye umrhoxozo wokufa usemqaleni wabo, nokutsala, nokulila, nokukhalela ubomi, kuthetha ntoni okuya? Kukho indawo, ndaweni ithile, kukho umzimba ongevi bunzima nongakhaleli okuya. Yabona? Nje awukwenzi okuya.

⁵¹ Ngoku, zizipho zomzuzwana kuthi, ezi zinto, kuphela zichaza okokuba kukho Lowo OnguNaphakade. Yilonto uYesu amkele yona ukuya kuyilungiselela, Omnye kaNaphakade ukwenzela thina. Ngoku, zibonakalisa kuphela kukho ezinkulu zohlobo olukwalunye, kuba ezi ziluhlobo olukwalunye.

⁵² Ngoku, khumbulani, iBhayibhile yathi, “Ukuba lomnquba wasemhlabeni wokuhlala kwethu, ukuba uyatshabalala, uthi ubhangiswe, sinomnye osele ulindile.”

Njengosana oluncinci, izihlunwana zalo ezincinci, kunina, ziyabhinyalaza kwaye zijika jika. Kwaye, kodwa nje... Yabona? Kwaye uyaqwalasela, ungathatha umfazi, ukuba wakhe wakrwada kakhulu; kodwa xa esiba ngumama, ithutyana elincinci ngaphambi kokuba olwa sana luzalwe, kukho ububele

malunga nala mfazi. Sondela kuye, kusoloko kukho into ethile, unobulali kakhulu. Kutheni? Kukho umoya wengelosi encinci ukuba yamkele lamzimba wenyama. Nje kwamsinya uzalwa, ukuphfumlela kobomi kuza kuwo. Kwaye uThixo uwuphfumlela phaya, uze ube ngumphefumlo ophilayo. Ngoku, njengalo olu sana luthi luzalwe, emva koko umzimba womoya uphaya ukuba uwamkele.

Kwaye ngoku, xa lo mzimba ubekwa apha, kulo mhlaba, njengosana lubekwa, kananjalo kukho umzimba ongenakufa olindele ukwamkelela umoya emva kuwo kwakhona. Owu, enjani ukuba nkulu into! Siku—sikuKristu uYesu ngoku, (amen), iintsana, iintsana kuKristu, abantwana bakaThixo, belindele intlangulo epheleleyo, eKuzeni kweNkosi yethu uYesu, i. . . ukusamkelela phezulu kuYe, xa umzimba, lo ufayo, uyakuthabatha ongenakufa.

⁵³ Ukufana, zonke izinto Awazenzayo, zibonakalisa izinto ezizakuza. Nje ngoko umzimba ukunika apha, nje ngalo mzimba, Wakunika ukuba uphile kuwo, ubonakalisa kuphela ukuba kukho lowo mkhulu, osafanele, ukuza. Yabona? “Ukuba sithwala, okanye siwuthwele umfanekiso womhlaba, siyakuthwala kananjalo umfanekiso weZulu,” lowo ungenako ukungcola kuwo umele kukuza. Ngoku, lona uyakubanakho ukungcola, ukugula, ukufa, intsizi. Ndikubonakalisile nje apha, kungekudala, ndishumayela ku *Ukumiliswa Ngakumbi KweLizwi LikaThixo*, ngendlela la—lamzimba, unenkohlakalo kuwo.

⁵⁴ Kwaye zonke ezimpucuko zalemihla esiphila kuyo zezikamtyholi. Anikukholelwa oko? IBhayibhile ithe injalo; eli hlabathi, wonke urhulumente. Asifuni kukukholelwa oko. Kodwa iBhayibhile iyichaza cacileyo, ukuba wonke urhulumente, bonke ubukumkani bomhlaba, bobukamtyholi kwaye bulawulwa ngumtyholi. UYesu wathatyathwa nguSathana, wamnyusa, waza waMbonisa zonke izikumkani zehlabathi ezazikho, eziyakubakho, nokungaphezulu. Kwaye uSathana wazibanga, ezakhe, kwaye uYesu zange axambulisana naye, ngokuba unguthixo welihlabathi. Yabona? Kwaye wathi, “Ndiyakubunikezela kuWe ukuba Uyakuwa phantsi undinqule.” Yabona? Wayezama ukubunikezela kuYesu, ngaphandle kokuzenza idini. Yabona? Yayilicham awayezakulenzela Yena.

Kodwa ihlabathi lalonile. Ke, isohlwayo sesono yayikukufa, kwaye kwafuneka Yena afe. Yilonto uThixo wabonakaliswa enyameni, ukuze Yena athabathele ukufa kuYe, ukuhlawula isohlwayo. Akukho nto yokubuyela emva. Ayiphawulwanga. Iqinisekisiwe, ihlawulwe simahla. Lonke ityala lihlawulwe. BoBakhe ngoku. Kwaye singabameli boBukumkani Bakhe, sihlanganiswe apha kunye ngobu busuku, eGameni likaYesu Kristu iKumkani yethu, sihleli kwezasemaZulwini iindawo.

⁵⁵ Ngoku, kweli hlabathi esiphila kulo, le mfundo, ndifuna ukubonakalisa kuwe, imfundo, inzululwazi, impucuko, nazo zonke ezi zinto esikhangeleka sizonwabela namhlanje, zezikaSathana, kwaye ziyakutshabalala. Uthi, “Mzalwana Branham, impucuko?” Ewe, mhlekazi. Le mpucuko iza ngoSathana. IGenesis 4 ibonakalisa oko. Unyana kaKayin, yabona, waqala lempucuko, wakhe izixeko, nehadi zomculo, nanjalo njalo. Kwaye impucuko ize ngolwazi. Ulwazi lolo umtyholi waluthengisela u-Eva, emyezweni we-Eden, oko kwambangela wakrwaqela, wophula umthetho kaThixo.

Ke kuyakubakho impucuko kwihlabathi esiya kulo, kodwa ayisayi kuba lolu hlobo lwempucuko, kuba kule mpucuko sinezigulo, intsizi, inkanuko, ukufa, yonke into kule mpucuko, ayilunganga. Kodwa kula mpucuko akusayi kubakho nenye yezi zinto. Asiyi kudinga nzululwazi.

Inzululwazi lugqwetheko lwemvelo, kakade. Yabona? Ucebula imolekyule, ukecebula i-atoms uze wenze *ethile-ethile*, ukuqhushumbisa wena. Uthabatha irhuluwa yompu, *udubule* le, ukuze ubulale into ethile. Uthabatha imoto. Uze uthabathe amafutha emoto emhlabeni, nezinto emhlabeni, ukukhulula imicu, ukuze aqhushumbiseke. Kwaye ukuhla ngendlela ngamashumi asithoba eemayile ngeyure, uze ubulale umntu. Yabona? Owu, okunjalo ukuphakuzela, ukucudiseka, ukungxama; sifikelela ekutyhaleni, ukuthatha. Owu! Yabona? Konke kokukamtyholi.

UBukumkani bukaThixo abusayi kuba nazimoto, zinqwelo-moya, okanye nakuphi okuzuzwe bubunzululwazi. Hayi. Abusayi kuba namfundo, konke konke. Iyakuba yimfundo ephakeme kakhulu kule, okokuba lena akusayi kucingwa nokucingwa ngayo. Yabona? Imfundo, impucuko, nako konke oku, kusuka kuSathana.

Ngoku, uthi, “Mzalwana uBranham, kutheni ufunda, ngoko?”

⁵⁶ Yabona, nje ngokufana, kutheni ndinxiba iimpahla ngoku? Kwimpucuko ekwakufanele ize, leyo yayiyeyokuqala, babengadinga zimpahla kwaphela. Babegqutyuthelwe. Babengenazithu sokunxiba zimpahla, kuba babengayazi ukuba babeze. Ngoku ni . . . Ngoku niyafumanisa, ukuba, khona ngoku, ngoko, okokuba siyayazi ukuba thina si—si—si—size, isono sihlala apha, ngoko kufanele sinxibe iimpahla. Kodwa kwakungenjalo ekuqalekeni; kwakungekho sono. Yabona?

⁵⁷ Ngoku, into ekwanye isendleleni yempucuko, ngokuhlangeneyo. Siyafunda, siyabhala, senza oku, kodwa singaze sinxibelelane kokuya. Ungaze ukwenze okuya uthixo wakho, ngoba okuya nguthixo wobukomanisi. Yabona? Hayi ekaYesu Kristu.

⁵⁸ UYesu Kristu ungokholo; hayi ngoko ungakubonakalisa ngobunzululwazi, kodwa oko ukukholelwayo. Andinakho ukubonakalisa ngobunzululwazi kuwe, ngobu busuku, kwesi sakhiwo, ukuba ukhona uThixo, kodwa noko ndiyazi ukuba Yena ulapha. Kodwa, ngokholo lwam, lungqina oko.

U-Abraham akazange abenakho ukubonakalisa ngobunzululwazi kuwe ukuba wayezakuba nosana kula mfazi, kwaye yena umfazi ephantse kuba nekhulu leminyaka ubudala. Kodwa ukholo lwakhe lwakuqinisekisa oko. Yabona? Akuzange kufune kubonakaliswa ngobunzululwazi. Kutheni, i. . . Kutheni, ugqirha angathi, “Indoda endala iphambene, phandle apha isithi izakuba no—nosana ngala mfazi; yona inekhulu leminyaka ubudala, kwaye yena enamashumi asithoba.” Kodwa, uyabona, uThixo watsho njalo, ke ayithabathi nzululwazi. Ithabatha ukholo, ukukholwa iLizwi likaThixo, hayi inzululwazi.

⁵⁹ Ke, izikolo zethu nezinto ziqhushumbisiwe. Njengoko, uThixo zange wathi, “Hambani niyokwenza izikolo,” okanye nkqu, “nibe nezikolo zeBhayibhile.” Niyayazi lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wathi, “Shumayela iLizwi.” Oko kunjalo ngqo. Inkqubo yemfundo yethu isibhekelsele kude kuThixo kunayo nayiphi into endiyaziyo, injalo lonto, kude kakhulu kuThixo. Hayi ukwakha izikolo, izibhedlela, nanjalo njalo; oko kwakukowehlabathi nokwela qela. Kodwa, andinanto ichasene nabo; badlala eyabo indawo, kodwa ayikabi kokuya.

Sakha isibhedlela, ilunge kakhulu, size sisebenze ngawona agcono amayeza esinawo, kwaye amawaka ayafa kuzo mihla yonke. Kodwa, owu, bethu, eBukumkanini bukaThixo, akukho kufa, akukho ntsizi. Amen. Akukho sidingo sezi zinto zehlabathi. Kodwa sigqithile kwezi zinto, ukuya kwezenene zikaThixo; apho siva ubunzima kanzima kakhulu ukuzama ukufumana, ngenzululwazi. Kwaye ngakumbi sisiba ngabenzululwazi, kungakumbi sisizisa ukufa kuthi. Silwa idabi lokoyiswa phaya, ke yiyekeni. Kwaye ngokholo, kholelwa uYesu Kristu uNyana kaThixo, ngobubusuku, kwaye wamkele Yena. NguYe.

⁶⁰ Yintoni inzululwazi eyilungiselela wena? Ukufa okuninzi. Injalo lonto. Isiphekepheke sikasomajukujuku nayo yonke into inyuka, kwaye zonke ezi zinto, ukusasaza ukufa nayo yonke into kumhlaba wonke. Sukujonga kokuya. Jikela intloko yakho phezulu kunokuya, ngaseZulwini. Khangela apho uYesu ahleliyo akhoyo, “Kwisandla sasekunene kukaThixo,” ngobu busuku, “wasoloko ehleli ukwenza izingxengxezo kuvumo lwethu,” koko sikukholelwayo, iLizwi Lakhe ukuba libe yiNyaniso.

⁶¹ Ngoku, siyafumanisa, obu bomi bubambe zonke iintlobo zokungcola, ke ngoko ke ubomi obuzakuza abusayi kuba nabo. Obu bunenkanuko, nokugula, ukufa. Ngokuba, yintoni? Asiyondlu Ayokuyilungisa. Esi sisibedlela sezifo. Bangaphi

abayaziyo yintoni isibhedlela sezifo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Kuhle, yilonto nihlala kuyo. Isibhedlela sezifo kulapho babeka bonke abantu abanezifo. Kuhle, oko koko nje isono esikwenzileyo kuthi, sasibeka kwisi sibhedlela sezifo sasemhlabeni. Ingaba wawu... Babengayi kuvumela nabani eze kwisibhedlela sezifo, ngokuba kukho zonke iintlobo zeentsholongwana zibhabha phaya, kwaye—kwaye abantu bayakuthatha ezi ntsholongwana baze—baze bagule, bona. Kwaye isono sisise kwisibhedlela sezifo sikamtyholi.

⁶² Owu, kodwa enye ibizwa, “INdlu kaBawo waM.” “Ndiyakumka ndiye kunilungiselela indawo. Ndinikhuphe kwesi sibhedlela sezifo ndize ndinise kwiNdlu kaBawo waM.” Amen. Nantso ke; ukhutshwe kwesi sidala isibhedlela sezifo. Umkile ukuya kulungisa indawo, indawo egqibeleleyo apho kungekho bubi, kungekho kugula, kungekho budala baminyaka, kungekho kufa.

Yindawo egqibeleleyo ikubizela kula ngqibelelo, kwaye ufanele ugqibelele ukuze ungene phaya. IBhayibhile itsho njalo. Wathi uYesu, “Yibani ngabagqibeleleyo, njengoko noYihlo waseZulwini egqibelele.” BuBukumkani obugqibeleleyo, ngoko ke ifanele ibe ngabantu abagqibeleleyo abezayo. Ngokuba, kufanele ume uze utshatiselwe kuNyana kaThixo ogqibeleleyo, kwaye kufanele ube nguMtshakazi ogqibeleleyo. Ke ungathini ukuyenza nangayiphi into engenye kuphela ngeligqibeleleyo iLizwi likaThixo, ntoleyo iyi, “AManzi okwahlukanisa, asihlambayo ezonweni zethu”? Amen. Injalo lonto. IGazi likaYesu Kristu, cinga ngaLo, eligxizayo, iLizwi Elophayo. Amen. IGazi, i—iLizwi likaThixo lisopha iGazi, ukuhlamba uMtshakazi kulo. Amen. Ewe, mhlekazi. Ume egqibelele, intombi, engakrexezwanga. Akazange wona, indawo yokuqala. Amen. Wayebhanjisiwe kuso. Yabona?

Nantso iNdlu kaBawo Aye kuyilungisa.

⁶³ Lena iza ngesondo, kwaye ukusuka kwisiwo, kwaye kufuneka iwile kunye nesiwo. Akukhathaliseki uyingciba kangakanani into endala, izakuwa, kakade. Iphelile, ngokuba igwetyiwe, ngokuba uThixo utsho njalo. Iphelile. UThixo uzakuyitshabalalisa. Utshilo njalo. Kuyakubakho uhlaziyo lokwakhiwa kwento yonke. Niyayikholwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Ekuqalekeni, xa ihlabathi lalikalwa, xa uThixo wabuyisela amanzi emva, kuqala, ukuwasusa emhlabeni, njengoko Wenzayo kumanzi esibelekweni sikamama, kwazalwa ihlabathi. Ewe. Kwaye abantu baqalisa ukuphila kulo xa uThixo wababeka phaya. Kwaza emva koko baqalisa ukona. Laza labhaptizwa, ngokulintywilisela, kwimhla kaNowa. Emva koko langewaliswa ngeGazi loMdali liwela kulo.

Kwaye ngoku leyo yindlela oza ngayo, ngogwetyelo, ukukholelwa uThixo. Wabhaptizelwa enguqukweni, okanye, ukuya, ekuxolelweni kwezono zakho. Wazivuma izono zakho phambi koThixo, kwaye Wakuxolela ngazo. Kwaye wabhaptizwa, ukubonisa ukuba wawu, wawuxolelwe; uvuma ebantwini, kwaye ubonakalisa kwihlabathi, ukuba uyakholwa ukuba uYesu Kristu wakufela. Kwaye wena... Wathabatha indawo yakho, kwaye ngoku ume endaweni Yakhe. Waba nguwe, ukuze ube nokuba nguYe.

Ngoko amandla ongcwaliseko kaThixo ácoca yonke imikhwa ayikhupha ebomini bakho. Wawuqhele ukutshaya, ukusela, wenze izinto ezazingalunganga, uxoke, yonke into. Ngoko amandla ongcwaliseko eGazi likaYesu Kristu eza ebomini bakho aze athabatha zonke izinto azisusa kuwe. Ukuba kuyenzeka utsho into ayilunganga, ngokukhawuleza uthi, "Linda umzuzu. Ndixolele. Bendingazimisela ukuyitsho ngalwa hlobo." Yabona? Umtyholi ube nomgibe ubekwe phaya. Kodwa ufumene ubabalo lokubuyela emva, ukuba ungumKristu wenene, uthi, "Bendingalungisanga." Ewe. Ke, ngoko ke, ngoku, i...

⁶⁴ Ngoku, into elandelayo oyamkelayo, yayilubhaptizo loMoya oyiNgcwele noMlilo.

Ngoku, uThixo, xa leMillennium iphelile, uThixo uzakunika ihlabathi ubhaptizo lomlilo. Luzakuqhushumbisa yonke into. "Amazulu nomhlaba ziyakuba semlilweni." Watsho njalo uPetros. Kwaye into iyakuba nobhaptizo lomlilo, uhlaziyo lokwakhiwa kwento yonke. Kwaye emva koko kuyakubakho amazulu amatsha nomhlaba omtsha. Oko, xa, apho kuhlala ubulungisa.

Kulapho sikhoyo. Sisuke kwiziqu ezifayo, kwiziqu zexesha, ukuya kwiziqu zikaNaphakade. Xa iLizwi likaThixo lakhanyisa imiphefumlo yethu, saza saba ngoonyana neentombi zikaThixo, kunye nezibonakaliso, imfuza zikaThixo kuthi, ukuba sibe ngoonyana neentombi zikaBawo, uThixo eZulwini, simemeza, "Abha, Bawo! Thixo waM, Thixo wam, eNdlwini kaBawo."

⁶⁵ Ngoku, eli hlabathi lidala kufuneka liwe, ngokuba lize ngesondo. Kwaye lize ngokungathobeli, ekuqalekeni. Kwaye sazalelwa apha ngesondo, ngesiwo, kwaye kufuneka ibuyele emva ngohlobo olukwa lunye, kwisiwo. Kodwa leyo Anilungiselela yona ngoku, ayinakuwa, ngokuba Uyenza ibenjalo. "Ndimkile..."

Kungathini ukuba nje kungafanela sihlale kolu hlobo lomzimba? Akuvuyi kukho into enjengokufa? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku asiyonto ingaqhelekanga leyo? Kodwa ngoku, yithi, umzekelo... Kwiminyaka embalwa egqithileyo, ndandiyinkwenkwe encinci, kwaye ngoku ndiyindoda esesiqingatheni ukuguga.

Ndinomhlobo ohleli kanye phaya, uMnu. Dauch, kwaye unamashumi alithoba anesithathu eminyaka ubudala, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo. Khangela kuye ngoku. Amashumi amane okanye amashumi amane anesihlanu eminyaka ngaphezulu, lowo iyakuba ndim. Ngoku beka eminye engamashumi amane iminyaka kuye. Kuphi apho unokuya khona? Kuphela. . .

⁶⁶ Ndiyavuya kukho into enokusikhuphela ngaphandle kwesi sibhedlela sezifo. Kukho umnyango ovulekileyo, kwaye ubizwa ukufa. UYesu umi kulamnyango. Amen. Uyakundikhokela ngaphaya komlambo. Uyakundiwelisa kulamnyango. Kukho umnyango omkhulu omileyo ngaphesheya, obizwa ukufa. Kwaye lonke ixesha intliziyo yakho ibetha, usisingqi esinye ukusondela kuwo. Kwaye ngenye imini kufuneka ndize kulamnyango. Kufuneka uze phaya. Kodwa xa ndisiza phaya, andifuni kuba ligwala. Andifuni kukhala kwaye ndihlehle. Ndifuna ukuya kulamnyango, ndizisongele ngeengubo zobulungisa Bakhe (hayi obam), oBakhe.

Ngako oku ndiyazi, ukuba, “Ndiyamazi Yena kumandla ovuko Lwakhe.” Ukuba, xa Ebiza, ndiyakuphuma phakathi kwabafileyo, ukuze ndibe naYe, ndiphume kwesi sibhedlela sezifo. Naphina apho lomzimba unokuwela khona, naphina apho uyakufika khona, nokuba yintoni, ndiyakuphuma ngenye imini, ngokuba WaWuthembisa kum. Kwaye siyayikholelwa. Ewe, mhlekazi. Wenza Omnye ongenakuwa.

⁶⁷ Qaphela indlela umama ozakuzala, emhlabeni namhlanje, indlela umzimba kamama orhalela ngayo izinto ezithile. Ndithetha, ndiyaqikelela kwaye ndiyathemba, kubo bonke abadala abaya kuqonda. Umama, ekuzalweni kosana, ukuba kukho into esilelayo emzimbeni wakhe, uyaqalisa ukurhalela into ethile. Jonga indlela utata. . .

Ndiyakhumbula sasikhuliswe, olunjalo ukuhlupheka usapho, kwaye—kwaye phantse sasingenanto yakutya xa sasingabantwana. Abaninzi benu beve ubunzima ngolwa hlobo lunye.

Ke indlela ekuthi, xa, phambi kokuba usana luzalwe, umama uyakurhalela into. Kwaye utata uyamfikila iikona, yonke into, ukukufumanela. Yabona? Nguye, umzimba, umzimba wakhe, ikhalsiyam nanjalo njalo yomzimba wakhe, kwaye izakhamziba azidingayo. UJunie uyenziwa, yabona, kwaye urhalela izinto, ukutya ukwenzela umntwana ozayo. Kwaye indlela, abazali, bayazama ukuyifumana ukuze usana lube nokuzalwa ngokugqibeleleyo nokuvuya olunokuba nakho. Yabona indlela abazali bakho abayakuyenza ngayo lanto? Xa kukho into ethile efunekayo, umama unika ubungqina bayo, yabona, ubume bakhe benziwe. Niyayiqonda? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Oko, indlela xa kukho into edingekayo apha, kumntwana ozayo, u—umama uyaqalisa ukurhalela okuya.

⁶⁸ Ngoku, yima nje umzuzu. Kutheni sineemvuselelo? Kutheni sihlangana sonke? Kutheni ndisoloko ndisohlwaya abantu? Kutheni ndibiza kuni bafazi bamaPentekoste: “Yekani ukuziqaba, izithambisi zesiqabi, ukunqothula iinwele zenu, nezinto ezinjeya”? Kutheni ndikutsho okuya? Ngokuba, indlela yefashoni endala yobupentekoste yayingaqhelanga kukwenza okuya. Indlela yeBhayibhile yenene asikokwenza okuya. Nina ninxiba ezi zimfutshane neempahla ezenzelwe amadoda, ingaba niyazi iBhayibhile itshilo oko kulisikizi kuThixo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kodwa siyayivumela. Kutheni uMoya oyiNgcwele uqhubeka ukhala? Uyayazi kukho into engaphelelanga phaya. Kufuneka sibe kwisimo esipheleleyo sikaYesu Kristu. Kufuneka sibe ngoonyana neentombi zikaThixo. Kufuneka senze njengabantwana bakaThixo.

⁶⁹ Kudala, ibali elincinci labaliswa. Ndaqaphela omnye umzalwana webala ehleli ngasemva. EmaZantsi, babeqhele ukuthengisa amakhoboka. Kwaye oku, xa babenamakhoboka ezantsi phaya, xa ubukhoboka babukho, phambi kwenkululeko, yesaziso. Kwaye bebeya kuya kuwathenga, bona abantu, nje ngendlela ababeyakwenza e—esele isetyenzisiwe imoto, umthengisi. Babenomqulu wokuthengisa, baze babathengisa abo bantu nje ngokungathi babe—babezimoto esele zisetyenzisiwe. Unomqulu wokubathengisa kunye nabo.

⁷⁰ Ngelinye ixesha umthengi wasondela, umthengisi. Kwaye wayezaku... Wayesakuya kwezi fama zinkulu aze athenge amakhoboka. Kwaye wayeze kwethile enkulu ifama apho babenamakhoboka amaninzi, kwaye wayefuna ukubona ayemangaphi ababenawo. Kwaye ayekhona onke phaya, esebenza. Kwaye a—ayematshekile. Babekude kwikhaya lawo. Ayesuka e-Afrika.

Babebazise ngapha. AmaBhulu awayebazise ngapha aze abathengisa ukuba babe ngamakhoboka, ke ngoko babematshekile. Babesazi abasayi kubuyela ekhaya kwakhona. Babeyakuhlala baze bafele elizweni. Kwaye babenayo, amayeli amaninzi, babeyakuphatha izabhokhwe baze babatywatyushe. Babelibango lomnikazi, kwaye wayesenza kubo oko akufunayo. Kwaye bona nje... Ukuba ulibulele, ulibulele. Kwaye ukuba yena, nokuba yintoni, wayeyenza nje. Oko bubukhoboka, njengoSirayeli wayenjalo, kwaye—kwaye ezininzi zezizwe zaziziswe ebukhobokeni. Kwaye kwakufuneka ziwathathe loo makhoboka alusizi. Ayekhonzwa nje. Ayelila, niyazi, lonke ixesha, kwaye ematshekile.

⁷¹ Kodwa baqhaphela elinye lamakhoboka, umfo omncinci, wayenesifuba sakhe sityhalelwe ngaphandle, intloko yakhe phezulu *ngolwahlobo*. Zange kufuneka atywatyushwe yena.

Zange kufuneka axelelwe yena amakakwenze. Ke lamthengisi wathi, “Ndifuna ukuthenga *ela* khoboka.”

Wathi, “Alithengiswa.”

Wathi, “Ndingathanda ukulithenga.”

Wathi, “Hayi. Alithengiswa.”

Wathi, “Ingaba ngumphathi wamanye onke?”

Wathi, “Hayi.” Wathi, “Alingomphathi. Likhoboka.”

Wathi, “Kuhle, mhlawumbi ulondla ngokwahlukileyo kunokuba usondla amanye onke.”

Wathi, “Hayi. Onke atyela phaya ekhitshini lamakhoboka, ngokudibeneyo.”

Wathi, “Yintoni eyenza la nkwenkwe yahluke kangakaya kunawo onke?”

Wathi, “Nantsi into. Ndamangaliswa ithuba elide, nam. Kodwa la nkwenkwe, umphambukeli osuka e-Afrika, kodwa e-Afrika uyise yikumkani yohlanga. Kwaye, noko, ingumphambukeli kude ekhaya. Iziphatha njengonyana yekumkani. Iyakwazi oko, ngaphaya kwelizwe, okokuba uyise yikumkani yohlanga. Kwaye ngoku iyaziphatha, ngokuba iyayazi ingunyana yekumkani.”

⁷² Owu, mzalwana, dade, wena nam, kweli hlabathi esiphila kulo, masiziphathe njengoonyana neentombi zikaThixo. Singabaphambukeli apha, kodwa isimilo sethu kufanele sibe ngokwemithetho kaThixo, kuba singoonyana neentombi zikaThixo. Isimilo sethu, kufanele siziphathe kwaye senze, kwaye yonke into, ngokwendlela imithetho athe uThixo wayibeka.

“Kwaye kulisikizi ukuba umfazi anxibe impahla eyenzelwe indoda.” Ayilunganga kwaye sisono, “Ukuba yena achebe iinwele zakhe,” iBhayibhile itshilo njalo, “yinto engafanelekanga ukuba yena athandaze nokuthandaza.”

Uthi, “Malunga naphi *noku*?”

⁷³ Umntu othile wandilandela; omkhulu, oqaphelekayo umlungiseleli, kungekudala. Wathi, “Mzalwana uBranham, yiza. Ndifuna ukubeka izandla kuwe.” Wathi, “Uzakulonakalisa ulungiselelo lwakho.”

Ndathi, “Intoni?”

Wathi, “Ubangxolisa bona abantu ngolwa hlobo.”

Ndathi, “Ndixela i . . .”

Wathi, “Ndiyakukholelwa oko.” Wathi, “NdingumPentekoste, nam. Ndiyakholelwa ukuba abafazi abafanele babe neenwele ezimfutshane, abafanele baziqabe, kunye nezo zinto ngolwahlobo ngendlela abenza ngayo, baqabe

ubuso babo.” Wathi, “Abafanele bakwenze oko. Kodwa,” wathi, “UThixo ukubizele ukuba uthandazele abagulayo.”

Ndathi, “Undibizele ukuba ndishumayele iVangeli.” Ehe.

Waze wathi, “Ndiyakholelwa koko. Kodwa,” wathi, “ucinga *oko*?”

Ndathi, “Ehe. Jonga oko unako, zonke ezi nkqubo zinkulu, omabonwakude, nayo yonke into engenye. Andinanto kuphela nguThixo endifanele ndiphendule kuye.” Injalo lonto. Ndathi, “Andinanto kuphela nguThixo emandiphendule kuye.”

Wathi, “Ndi—ndi—ndi... Uzakulonakalisa ulungiselelo lwakho.”

Ndathi, “Naluphi ulungiselelo eliyakuthi iLizwi likaThixo lilonakalise, kufanele lonakaliswe.” Injalo lonto. Ngokuqinisekileyo. Yiyo ngqo.

Wathi, “Kuhle, uzakulonakalisa.”

⁷⁴ Ndathi, “Ngubani ozakuYixela ngoko? Yabona? Umntu othile ufanele aYitsho. Umntu othile ufanele amele oko kuyiNyaniso, kungakhathaliseki nokuba Ivisa ubuhlungu.” Kwaye zihlobo, njengamaKristu, njengabantu abakholelwa ukuba siya eZulwini, uMoya oyiNgcwele Ngokwawo uyakusifuzisela eLizwini likaThixo.

Wathi, “Uyakwazi ofanele ukwenze?” Wathi, “Abantu bayakukholelwa ukuba ungumprofeti.” Wathi, “Kufanele ufundisa aba bafazi zifumaneka njani izipho zesiprofeto kunye nezinto njengeziya, nezinkulu, eziphakamileyo izinto endaweni yezinto ezincinci.”

⁷⁵ Ndathi, “Ndizakubafundisa njani i-aljibhra xa bengasayi kwa ukufunda oo-ABC babo? Xa bengasayi kwa ukwenza into eqhelekileyo, yabona, into yendalo, uzakubaxelela njani into ephakamileyo?” Xa ungasayi kwa ukuqala ukusuka kwi... Ufuna ukufika kumphezulu weleri phambi kokuba ufike kwesokuqala. Seso sizathu usiwa. Yabona?

Qala emazantsi, uze ukhwele ukunyuka njengoko uThixo ekukhokelela phezulu. Yabona? Lungelelanisa ubomi bakho kwaye usoloko ulandela lonke isuntswana leLizwi athe uThixo walimisela yethu ukuba ulenze.

⁷⁶ Ngoku cinga indlela la uThixo... Kufanele siziphathe kakuhle senze njengamaKristu. Isimilo sethu sifanele sibe njengesamaKristu. Ngokuba, singabaphambukeli apha. Eli asilokhaya lethu. Hayi. Sibekwe nje apha, okomzuzwana. Kufuneka sihambe, sonke ngabanye bethu, ngobu busuku.

⁷⁷ Ngoku cinga. Ukuba uThixo, kwinceba Yakhe, enze umama, phambi kokuba usana luzalwe, lurhalela izakha-mzimba ezithile, kwaye amazwi kamama ayathetha, “Tata, ndi—ndi—ndifuna ikhantalophu, okanye ivatala. Ndifuna into ethile,

engenywe.” Ingaphandle kwe...Kutheni, uyakwenza yonke into anako, ukufumana okuya, ngokuba uyayazi ukuba ufuna umntwana wakhe azalwe egqibelele kangangokuba enakho. Yabona? Kwaye uyakwenza yonke into anakho ukuyenza, ukuyifumana.

⁷⁸ Kukangakanani ngaphezulu ukubanakho Yena, ukuyifumana! UnguMdali. Ngoku cinga indlela anakho ngayo Yena, ukusilungiselela umzimba, ukuba siphile njengoWakhe Buqu umzimba wozuko, ukuba sifuna ukuphila. Kukho into ethile kuthi, ebizayo, ukuphila. Kwaye kukho into ethile kuthi ebiza ukwenza kakuhle. Ngoku uThixo uyakubiza umntu othile eqongeni, okanye epulpitini, oyakushumayela uqobo lweNyaniso. Kutheni? Yabona? Iyakubonisa. Ngoku, ukuba ungumntwana wenene kaThixo, uyaqalisa ukukhala, “Thixo, yisuse kum. Ndaluse koku. Susa ezi zinto kum.” Kutheni? Iyafuneka ukwenzela iKhaya lakho lasezulwini oya kulo, apho Aye kulilungisa. Kufuneka ube ngowenene uMtshakazi Lizwi kaKristu.

⁷⁹ Bendishumayela kubusuku obumbalwa obugqithileyo ngedini, kwimihla yesicamagushelo. Bendishumayela kwakuphela kwendawo athe uThixo, kuphela kweBandla ayakuthi uThixo ahlangani khona nomntu kulo, kwaye oko kukwi, Wathi, indawo Abeke iGama Lakhe. Wathi, “Andisayi kuhlangana nabo nakweyiphi enye indawo kuphela indawo, isango endithe ndabeka iGama Lam kulo.” Ngoku, Akahlangani nawe kwisango lamaWisile, isango lamaBhaptizi, okanye isango lamaPentekoste, okanye neliphi lawo. Kodwa Ubeka iGama Lakhe kuNyana Wakhe. Wathi, “Ndize eGameni likaBawo waM.”

Nawuphi umntu uyeza, kwaye nawuphi umntwana, uza egameni likatata wakhe. Yena...Ndiza egameni likaBranham, ngokuba utata wam yayinguBranham. Kwaye uza egameni lakho ngokuba elo yayiligama likatata wakho.

Kwaye uYesu, uNyana, weza eGameni likaYise. Kwaye Wathi Ubeka iGama Lakhe, “Kwelisango eNdibeka iGama Lam kulo, elo yayilidini.” Kwaye kuYesu Kristu kuphela kwendawo oyakuze ubenokufumana ubudlelwane nokunqula kuThixo.

Uthi, “Kuhle, ndingowebandla.” Oko akwenzi namnye umahluko. Kufuneka ube kuKristu.

Umlungiseleli wobuhlelo othile, ngobunye ubusuku, wathi kum, wathi, “Mnu. Branham, jonga apha. UYesu wathi, ‘Nabani na okholwayo.’ IBhayibhile yathi, ‘Nabani na okholwayo ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo, uzalwe ngoMoya kaThixo.’”

⁸⁰ Ndathi, “Ingaba ayitshongo na kananjalo iBhayibhile, ukuthi, ‘Akukho mntu onokubiza uYesu uKristu, kuphela ngoMoya oyiNgcwele?’” Yabona? Akunakuyenza iBhayibhile ixoke. Ifanele irhintyelele kanye ngaphakathi.

Ke kufuneka uzalwe kwakhona ngokwenene, ngoMoya oyiNgcwele kuwe, oku kungqina, kuwe, uyayazi ukuba Yena nguNyana kaThixo. Kwaye emva koko ukuba wena uyiyo, kwaye inxalenye; ukuba ungumntwana kaThixo, eLizwini likaThixo; ungaliphika njani iLizwi? Ungakwenza njani uMoya oyiNgcwele ukuba ukholelwe imvumo nkolo, yokuba kufuneka wenze into ethile nje ngale, ngelixa iBhayibhile itsho into engenye? “Kufuneka sijoyine ibandla, size senze *oku*, okanye senze *okuya*,” ngelixa iBhayibhile ikuxelela ngokucacileyo amawukwenze? Yabona? Kwaye emva koko xa ubona Okuya, uze utsibela ukunye kuKo, ukunye naYo kanye ngoko. Qhubeka nje unyukela ngasentla, kwaye ukhule nje.

Njengayo i—i—intsobi isiya esibelekweni somfazi kunye neqanda. Kwaye ngoko xa ela qanda lincinci liqalisa ukukhula, lize liqalise ukuvelisa iintsobi, ayibeki nanye intsobi yomntu, kunye nentsobi yenja, kunye nentsobi yenkomo. Ibeka zonke intsobi yomntu.

⁸¹ Kwaye xa umntwana kaThixo, xa leya yamiselwa kwangaphambili. . . Elo ligama elibi ukulisebenzisa, kodwa nguThixo. Nantsi iBhayibhile kaThixo. Ulwazi lukaThixo lwangaphambili lungamisela kwangaphambili, lwenze yonke into isebenzele kuzuko Lwakhe. Xa lambewu yamiselwa kwangaphambili, leyo wawuzakuba yiyo, kwaye uThixo wakubiza, kwaye elakhozi lincinci lwembewu khona phaya lava iLizwi likaThixo, iyakukwakhela kumphezulu, iLizwi kumphezulu welinye, kumphezulu welinye, kumphezulu welinye. Aliyi kuxubana nayiphi imvumo nkolo.

⁸² Qaphela. “Kulamasango, yonke imihla, kufanela batya ikosha entsha. Kwaye akusayi kubakho gwele lifumanekayo phakathi kwabo, ngazo iintsuku ezisixhenxe.” Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Izigaba zamabandla asixhenxe, ngoko, akukho gwele, akukho mvumo nkolo, akukho nto yongeziweyo. Kufuneka ngenene ibe sisonka esingenagwele. “Kungafumaneki gwele phakathi kwenu, konke konke.” Nje igwele, iLizwi ngokwaLo, lilo kuphela. Kwaye ela Lizwi nguThixo. Kwaye uThixo wenziwa inyama, kuMntu kaYesu Kristu, ntoleyo, eliSango. “Nalo iSango endihlangana nani kulo, ukunqula, xa nilandela imithetho kaThixo.”

⁸³ Ngoko ke, ukuba wena, ngobu busuku, uyeza nje, uthi, “Ndinikela ubomi bam kuYesu Kristu,” kwaye ungazange wamkela uMoya oyiNgcwele; yiza kuWo. Kufuneka uyenze. Kufuneka ukhulele kuYe. Cela uThixo afumbe iLizwi kumphezulu weLizwi, ngolwahlobo, ude ube sisimo esiqgibeleleyo sonyana kaThixo, okanye intombi kaThixo.

Ukuthabatha izinto zehlabathi? UYohane wokuqala uthi, “Ukuba uyalithanda ihlabathi, okanye izinto zehlabathi, kungokuba uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho

kuwe.” Ulukuhliwe. Unothando lwehlabathi phaya, kwaye lukulukuhlile, umtyholi uyenzile, ngokufumba izinto phaya, nokubonisa. Yabona? Akunakho...Kuhle, ngoko, akunakukhupha nelinye iLizwi likaThixo eBhayibhileni.

Yintoni eyabangela isono sokuqala? Hayi nje ngobucace gca ubuxoki, kodwa ngokuba u-Eva waqonda ngokuphosakaleyo, umtyholi wayenza kuye, iLizwi elinye. ILizwi elinye, lophula ityathanga, kwaye lala ukuthabatha iLizwi elinye. Oko yayikukuqala kweBhayibhile.

UYesu ufika embindini weBhayibhile. Wathi, “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.” Elo liLizwi lonke likaThixo. Uyakholelwa Eso sisityhilelo Sakhe? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] ILizwi lonke likaThixo.

Ngoko, kwiSityhilelo ama-22, uYesu weza kuYohane, kwisiqithi sasePatimo. Kwaye uYesu, “Mna Yesu ndithumele ingelosi yaM ukuba ingqine ezi zinto.” Yabona? “Nabani na oyakususa nelinye iLizwi loKu, okanye ongeze igama libe linye kuLo, Ndiyakususa indawo yakhe kwiNcwadi yoBomi.”

⁸⁴ Hayi nje ukuthi, “Kulungile, ndi—ndiyamkholelwa uYesu Kristu, uNyana kaThixo.” Konke oko kulungile. Ngoko yongeza lonke elinye laLo kuyo. Uthi, “Ndigwetyelwe. Ndinikeza isandla sam kumlungiseleli. Ndiyakholelwa kuYesu Kristu.” Ngoko kufuneka uzalwe kwakhona. Kufuneka uzaliswe nguMoya oyiNgcwele. Yabona? Qhubeka nje usongeza, njengoko uqhubeke uhamba. Uyakhulela kwisimo sonyana nentombi kaThixo. Bethu!

UThixo, unakho ukusilungiselela, kunye nokusinika okwakurhala ebomini bethu, kokuba sifuna ukubona into ethile. Bangaphi apha abafuna okungaphezulu kukaThixo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kutheni, ibonakalisa kukho okungaphezulu okwenzelwe nina. Yabona? Niyakurhalela. Intlungu ezincinci zozalo lwakho ziyeza. Yabona? Udinga okungaphezulu, ukuze sibenokuvuya, nokukhululeka, nokugqibelela. Kufuneka sibe njalo.

⁸⁵ Njenge—ngencinci—ngencinci intsobi yobomi ekubeni yi...esifubeni sikaThixo, kanye nje, kwaye intsobi yobomi isesifu-...esifubeni sikamama. UThixo uyakhulisa; kwaye eqhubeka, umkile, ukuya kusilungiselela indawo, indawo enguNaphakade kunye naYe; hayi indawo apho kukho indlu yezifo, ukufa, isono, ukukrexeza, nebunyhukuyhuku behlabathi apha. Ukuba ingqiqo yakho ikokuya, iyabonisa ayizange ihlangane noThixo. Yabona? Uxhamlekile. Unomfanekiso olahlekisayo engqondweni.

Ujoyina nje icawa uze uthi, “Kulungile, ndingowoku. Umama wam wayengowokuya.” Oko kungabe bekulungile kumhla kamama wakho, kodwa siphila komnye umhla.

⁸⁶ Umyalezo kaWesley wawungasokuze... Wayenganakho nje ukuthatha uLuther. ULuther wakholelwa kugwetyelo, kodwa uWesley wayenongcwaliseko. AmaPentekoste eza, ayangenakuthatha nje ugwetyelo, ungcwaliseko. Wona, yayilixesha lokubuyiselwa kwezipho. Ngoku siyesuka kokuya. Yabona?

Izigaba ezintathu zo—zoMdiliya zinyuka. Esokuqala, ngumcwe omncinci, uLuther enyuka, ukusuka kuhlaziyo. Kulungile. Oko yayilidiza. Qwalasela indalo. UThixo nendalo basebenda kwinqubekeko, ngokuba uThixo ukwindalo. Yabona? Okulandelayo kuza, inquma, umungu, isigaba samaWisile. Emva koko kuza amaPentekoste, owu, bethu, nje ngokugqibeleleyo, yabona, nje kanye ngokhozo lwengqolowa lukhangeleka njengengqolowa egqibeleleyo, ukhozo lwengqolowa. Luvule, akukho ngqolowa phaya, konke konke. Likhasi, isithwali saYo, kodwa oba Bomi buyasebenza buhamba. Yabona?

⁸⁷ Bona emva phaya kwisigaba sikaLuther bamkela uLuther. Oba Bomi beza ngaso, kodwa bemka baza balihlelo. Into yokuqala oyaziyo, yaba lihlelo nje esiphelo salo kukutshiswa. Yabona? Idiza liyoma; lisisithwali nje. Abanye babo basazama ukuhlala kwesithwali sediza sidala, bengazi kwanto malunga noThixo, bafile. Bathi, “Kulungile, khangelana, siligqabi. BesinguLuther.” Injalo lonto. Kodwa khangelana apho ikhoyo ngoku. Yabona?

“BesiyiWisile.”

Kwaye nkqu, “BesingamaPentekoste.” Kodwa khangelana kwiPentekoste, indlela ebanda kwaye neyome ngayo eba yiyo, indlela wonke ubani esimka. Yabona? Yintoni? Ibisithwali seMbewu yenene. Yabona? Zonke ezinye ezi bezizithwali, kodwa zaya ebuhlelweni. Ukuba uthi, “NdingumPentekoste,” oko akuthethi nto kuThixo kunokuba ubusithi ubungumKatolika waseRoma okanye umYuda, okanye nantoni onokuba yiyo.

⁸⁸ Kufuneka uzalwe, oba Bomi buza ngesa sithwali phaya. Sukuhlala edizeni. Sukuhlala kwimbewu. Qhubekela kanye kwindawo engqibeleleyo.

⁸⁹ Ngoku, khumbula, kwaye lonke uhlaziyo esibele nalo, kuwo onke loo maLutere nanjalo njalo, kwiminyaka emithathu bazenza umbutho. Injalo lonto. Yonke imvuselelo izise umbutho kwiminyaka emithathu.

Cinga kudala kangakanani lena iqhubeka, amashumi amabini anento eminyaka, kwaye kungekho mbutho. Kutheni? YiMbewu, isiza, ibumbeka phantsi kwekhasi, *ngolu* hlobo. Iele ngaphandle, ngoku kufuneka ilale eBukhoneni boNyana, ukuvuthelwa kukhozo oluzukileyo njengaYo leyo yayayo kuqala. IBandla lenene elehlayo, kuqala, libuyela kanye ngqo emva phezulu ngediza, ukwenyuka, elinye iBandla, xa umatshini wokuvuna usiza kuchola Lona. UBomi obehlayo kuLuther,

uBomi obehlayo kwiWisile, uBomi obehlayo kwiPentekoste, buyakuza kukhozo. Iyakuya ngqo kukhozo, ize inyuke, isenza uMzimba ogqibeleleyo kaYesu Kristu.

⁹⁰ Nje ngelanga linyuka, lakusasa. Akunakujonga kwindalo ngaphandleni kokuba ingqine ngoThixo. Akudinga kwa iBhayibhile, ukuzewazi ukuba kukho uThixo. Ilanga elincinci elizalwayo, usana oluncinci olubuthathaka. Malunga nentsimbi yesixhenxe, liyahamba, liqalisa esikolweni. Ngeshumi okanye ngentsimbi yeshumi elinanye, liyaphuma. Ngentsimbi yeshumi elinesibini, lisemandleni alo. Ngentsimbi yesithathu emva kwemini, liyaguga. Ngeyesixhenxe okanye eyesibhozo, eyesithandathu...Ngeyesihlanu okanye eyesithandathu intsimbi emva kwemini, liba namagxa agobileyo. Liyafa. Ingaba eso sisiphelo salo? Hayi. Liyavuka kwakhona kwintsasa elandelayo. Ubomi, ukufa, ukungcwatywa, uvuko!

⁹¹ Khangela emagqabini ephuma emithini. Liyenyuka, elilungileyo, elihle igqabi; lizise umthunzi; livelise isiqhamo salo. Okulandelayo, into yokuqala oyaziyo, ukwindla kuyafika, ulibethe, ukufa; kuhlele kanye ezantsi ngaphakathi engcanjini, iye emhlabeni kwakhona. Ingaba eso sisiphelo salo? Kwintlakohlaza elandelayo liyabuya kanye emva kwakhona ukuza kungqina. Owu! Obo bubomi obuqhubekekayo.

Kodwa, mzalwana, dade, sinoBomi obunguNaphakade. SinoBomi obunguNaphakade ngaLona mkhulu Owezayo, umkile, unakho ukusilungiselela umzimba. Kwaye ezi ntlungu zikhulayo esizivayo, njengani bafazi niziva nohlwayekile ngoko nikwenzayo, nina madoda enihlala kwizikolo zeemfundiso, kunye nanjalo njalo, nonke nifuna ukuthi, “Ndi—ndicengeceleza lemvumo nkolo. Ndenza *oku*.” Kodwa kukho into ethile kanye ezantsi kuwe, xa ubona amehlo emfama evulwa; isithulu siqon-...imfama. Zonke ezi zinto ezithenjisiweyo. Ubona iLizwi lishunyayelwa kumandla Alo. Ubona umthengisi-ngomzimba, ephumile esitratweni, esenziwa inenekazi. Ubona i—ubona inxila liphuma phaya, kwaye libe ngongcwele wenene kaThixo. Bethu! Yabona? Kukho okuthile, uBomi khona phaya. Kwaye uyaqalisa ukuva, “Kuhle, mhlawumbi andifanele ndenze okuya.” Kodwa, yabona, iyintoni, yinto uMzimba wakho ngaphesheya oyidingayo. “Yiza.” Kodwa uThixo unezakhamzimba kanye *Apha* zalo lonke isuntswana lalaMzimba. UYesu umkile ukuya kulungisa indawo esifubeni sikaThixo; ewe, mhlekazi, intsobi encinci, unyana kaThixo, unyana omncinci okanye intombi kaThixo.

⁹² UYesu wacela into enye, emthandazweni Wakhe kuBawo. Uyayazi yintoni eyayiyiyo? Into enye, emva kwako konke ukuzinikela Kwakhe awathi Wakwenza apha emhlabeni, ubomi Awabuphilayo, indlela Awayihambayo. Wacela into enye, “Ukuze apho Ndikhoyo, babelapho nabo.” Wacelela ubudlelwana bethu. Leyo kuphela kwento Awacela uBawo

emthandazweni, unxulumano lwakho lwaphakade. Ukuba ufuna ukufunda oku kuYohane oNgcwele i-17, umqolo wama-24. Ngoko kukangakanani kufanele sinqwenele Yena? Ukuba Yena unqwenela. . .

Ngoku phulaphula. Ukuba ngenene uzalwe ngoMoya kaThixo, oko kuthetha yonke into kuwe. Yabona? Asiyoncwadi ithile yemithetho. Akuphili nangaminye imithetho nanjalo njalo. Uphila ngobabalo lukaThixo, uMoya kaThixo.

⁹³ Ndasoloko ndikutsho oku. Njengemishinari, bendisakuya ngaphesheya kweelwandle. Kungathini ukuba ndizisa umfazi wam, abantwana bam, “Ngoku jongani apha, bantwana! Phulaphula apha, Nksk. Branham! Ndingumyeni wakho. Akusayi kuba nabanye abayeni ngelixa ndimkileyo. Ukuba uyenzile, ndiyakukuxobula xa ndibuyela ekhaya”? Uh-huh. Yabona?

Ndingqishe unyawo lwam, “Bantwana, niyakuva oko ndikutshoyo?”

“Ehe. Ewe, papa. Ewe, papa.”

“Ze khe ndive okunye ukungalulameli? Yabona?” Yabona? Ngoku, akungebi likhaya elo?

Ngoku kungathini xa esithi, “Ngoku, ugqibile, mhlekazi? Ngoku ndifuna ukuxelela into ethile. Mnu. Branham, ndingumfazi wakho otshatwe ngokusemthethweni! Akusayi kuba nazihlobo zingamantombazana ngelixa uhambileyo, nawe”? Ngoku, akungebi likhaya elo? Ngoku, elo iyakuba yinto ethile.

Asikwenzi oko. Ndiyamthanda, kwaye uyandithanda. Xa esazi ukuba ndiyahamba, uyayazi andihambi de ibe iNkosi indibizile ukuba ndihambe. Siyehla siye emgangathweni, size sibize abantwana basingqonge. Sithandaze. Ndathi, “Thixo othandekayo, gcina iqabane wam omncinci, abantwana bam.” Bathi, “Thixo, gcina utata ngelixa simkileyo, ngelixa angekhoyo.” Kwaye ngoko xa sisiya ngaphaya. . .

⁹⁴ Ngoku, kungathini ukuba ndenze into engalunganga khona ngaphaya? Kungathini ukuba ndonile, ndenze into engalunganga? Kwaye ndibuye ndize ndiye kula mfazi mncinci ulusizi wam, ndime phaya ndize ndimjonge ebusweni bushwabana, kunye neenwele zakhe zibangwevu, ndiye ndaya ndathi, “Sthandwa, ndifuna ukukuxela into. Uyayazi ndiyakuthanda.”

“Ngokuqinisekileyo, Bill, ndiyayazi uyandithanda.”

⁹⁵ “Ndiyakukuxela endikwenzileyo. Ndigoduse enye intombi.” Ndi—ndithi, “Ungaba uyakundixolela ngalonto?” Ndiyakholwa uyakundixolela. Ndinjalo ngenene. Kodwa ingaba ndiyakuyenza lonto? Xa ndijonga, emile phaya, ndibona zona iinwele zibangwevu, kwaye ndisazi ume phakathi kwam kunye

nomphakathi, kwaye ndiyazi ungonjani ukuba ngowenene umfazi abe enguye, ingaba ndingayenza lonto? Kungangcono ndi—ndife kunokuba ndimvisa buhlungu yena. Ndiyakuyenza.

Kwaye ukuba okuya, kuthando lwenyama kumfazi wam, kukanganani ukuba lukhulu uthando lwam lobuthixo kuThixo! Owu, andisayi kwenza nantoni ukumvisa Yena ubuhlungu. Ngokuqinisekileyo hayi. Ndi—ndiyaMthanda. Ndifuna ukwenza yonke into athe Yena—Yena afune ndiyenze. Ndifuna ukunyamezela lonke iLizwi athe Yena walithetha, kungakhathaliseki nokuba ihlabathi lithini. Lona, alizukuLikholelwa, kakade. Ndifuna ukwazi oko akutshiloyo Yena ukuba ndikwenze. Kwaye ukuba ndisilela into ethile, ndifuna Yena andinike. Kwaye ndiphilele Yena, sizigcine ngokusuka ehlabathini.

⁹⁶ Lo mdala umzimba womhlaba ufikelele kowayo i... Mandinixelele. Lo mzimba womhlaba ocinga kakhulu ngawo, kwaye ulinganisa iHollywood. Ukufutshane kakhulu kuyo. Ayizukuba phaya ixesha elide. Niyakhumbula. Nisivile isiprofeto, yabona, eyathi iNkosi yandinika, “Ingena ngaphantsi.” Ewe, mhlekazi. Qaphela. Iyakuba njalo. Qwalasela nje wena. Ngoku, Ayizange yandixelela nto ephosakeleyo, noko. Ndiyakukuthatha okuya ndikuse nakubani ofuna ukutsho. Andazi kunini okanye kuphi, kodwa liphelile. Umgwebo ujinga phezu kwayo. Akukho ntlangulo ngayo; igqithile. Yabona?

⁹⁷ Ngoku qwalasela oku. Philela Yena, masizigcine singaphandle ehlabathini. Khangela ngoku. Ujonga kumabonwakude, abanye benu bodade, kwaye niyehla apha nize nifune, nina bafazi basebatsha. Nibatsha. Ndiyakwazi oko. Kodwa ningamaKristu. Yabona? Nahlukile. Anifuni kuba njengehlabathi. Niyalithanda ihlabathi. Asinini nedwa nina batsha; abanye benu badala. Yabona? Kuhle, kwenziwa yintoni oko? Yabona? Nibukela umabonwakude, niyehla niye evenkileni, nibone ezi zincinci zindala iimpahla abathi abafazi bazinxibe, ezingenabuthixo.

Ingaba niyayazi yintoni ezakwenzeka kulaMhla woMgwebo? Ungabe unesidima emyenini wakho njengoko unokuba nakho, kodwa ngoMhla woMgwebo uzakufuneka uphendule ngokwenza ukrexezo. Wathi uYesu, “Nabani othi ajonge umfazi ukuze amkhanuke selekrexezile kunye naye entliziyweni yakhe.” Ngubani omakabekwe ityala? Wena. Yabona? Uzivezile, ezo zimfutshane nezilekhsi.

Abanye abafazi bathi kum, kungekudala kakhulu, bathi, “Andinxibi ezimfutshane, Mzalwana uBranham. Ndiyayibulela iNkosi ngalonto. Ndinxiba izilekhsi.”

⁹⁸ Ndathi, “Oko kubi kakhulu.” Oko kubi kakhulu. Injalo lonto.

⁹⁹ Akunakho nokuthenga ilokhwe, kunzima, kumfazi. Wathi, omnye umfazi wathi, “Kuhle, uthethe inyaniso. ‘Akunakho. Akunakuyithenga.’” Kodwa basathengisa amalaphu kwaye benoomatshini bokuthunga. Yabona? Ke akukho kuzithethelela, konke konke. Yabona? Yabona?

Iyabonisa, dade. Ndingumzalwana wakho. Kwaye ndisisicaka kuKristu, esifanele siphendule kwiSihlalo soMgwebo ngoko ndikutshiloyo apha ngobu busuku. Yabona? Uzakuma, unetyala ngokrexezo, ngokuba uthando lukaThixo luvuzele ngaphandle kwentliziyo yakho. Usaya ecaweni. Usengabe usadanisa eMoyeni. Usengabe usathetha ngeelwimi. Kwaye ezo izinto zilungile, kodwa asinguWo okwangoku. Hayi, mhlekazi.

¹⁰⁰ Khumbulani, iBhayibhile yathi, “Kwimihla yokugqibela kuyakufika ooKristu bobuxoki,” hayi ooYesu bobuxoki. Abayi kuma ngxi ngokuya. Kodwa, “ooKristu bobuxoki,” abathanjiswa bobuxoki. Bathanjisiwe ngokuqinisekileyo ngoMoya, ngoMoya oyiNgewele, kwaye basengabobuxoki. Yabona? Kukho ezimbini . . .

¹⁰¹ Kukho isithathu sabantu sakho. Umhandle ngumzimba. Unezimvo ezintlanu, othi uqhagamshelana nekhaya lakho lasemhlabeni ngazo. Ingaphakathi ngumoya. Kukho izimvo ezintlanu phaya, uthando kunye nesazela, kunye nanjalo njalo, uyaqhagamshelana. Kodwa ingaphakathi lokuya ngumphfumlo.

¹⁰² Khumbulani, “Imvula iwela kumalungisa nakwabangengomalungisa.” Imvula ekwanye eyakwenza ingqolowa ikhule yenza ikhakakhaka ikhule nayo. Yabona? Yintoni? Kwingaphakathi lalambewu yimvelo, kwaye lamvelo iyabonakalisa, ibonakalisa ubuqu bayo. Ingema entsimini enye, kanye phaya kunye nokhula. Ukhula nengqolowa zima zombini, zivuya nje kangako. Intloko yayo iqubudile. Ilambela amanzi. Xa imvula ifika, ikhakakhaka lingakhwaza nje kakhulu njengengqolowa inakho. “Kodwa ngeziqhamo zabo niyakubazi.” Yabona?

¹⁰³ MaKristu, ndingangaphindi ndinibone kwakhona. Yabona, kube yiminyaka kusukela ndakhe ndaba lapha. Ndingangaphindi ndinibone kwakhona. Lungelelelana neLizwi likaThixo. Khangelisa esipilini.

Njengenkwenkwe encinci ngaxesha lithile, yayingaphandle emaphandleni, zange yasibona isipili. Yeza kwekamakazi wakhe—wakhe indlu. Yaqalisa ukunyuka ngamanyathelo. Yabona isipili, kwaye yabona inkwenkwe encinci esipilini. Yaqhubeka ihamba inyuka, ijongile. Kwaye—kwaye ibiyakuwangazelisa, kwaye inkwenkwe encinci ibiya kuwangazelisa. Yaza yaqhubeka ijongile. Ayizange izibone yona

esipilini. Ke xa yasondelayo ngokwaneleyo kuso, yaguquka, yathi, “Kutheni, Mama, lowa ndim!”

¹⁰⁴ Ukhangeleka njani, kwisipili sikaThixo? Ingaba sibonisa intombi okanye unyana kaThixo? Ingaba kukho into ethile, leyo, uyivile Yona, ingaba ikwenza uthiye indoda eYitshoyo? Okanye, ingaba kukho into etsalayo, ethi, “Ndiyayazi laa ndoda ilungile ngokuba okuya kuseSibhalweni”? Ngoko, ezo zizakha-mzimba ezidingekayo ukwenzela lo mzimba owabekelwa ukuba phaya, indlu leyo lowa uzakuyidinga xa ufika phaya. Yabona? “Lendlu; ukuba sithwele eyomhlaba.”

¹⁰⁵ Ngoku khumbulani, sicinga kakhulu ngalo mzimba. Sibeka impahla ezininzi kuwo. Senza izinto ezininzi, kuba, ezingeyomfuneko, ukuguqula emva kokuguqula emva kokuguqula, nazo zonke ezi zinto. Kwaye—kwaye, owu, ngumntu wonke nje.

Yeka nje umntu othile aqale into ethile. Uqaba amanyathelo akho bomvu uze ubukele oJoneses beqaba ezabo bomvu. Uguquka ukusuka kwiChevrolet ukuya kwiFord, kwaye nje abanakumelana nalonto. Lixesha nje lokufaniselana. Uvumela i...Uvumela umfazi eze ecaweni, enxibe uhlobo oluthile lomnqwazi, bukela bonke abafazi bafumana okuya; ingakumbi umfazi kamalusi, yabona, bukela nje oko kwenzekayo. Ngoku, leyo yinyaniso. Leyo yinyaniso yenene. Lixesha lokufaniselana. Mzalwana, kufanele ibe lixesha lokufaniselana. Kwaye zonke—zonke ezo izinto zi—zingesizathu.

Andikhathali nokuba idyasi yam ifaniselana nebhulukhwe yam. Kwaye ndinexesha elinzima. Umfazi wam okanye umolokazana wam, umntu othile, kufanela andixelele hlobo luni lwe—lweqhina emandiyinxibe nalo. A—andikhathali nokuba ziyafaniselana, nokuba kunjalo. Ndifuna amava amafaniselane neLizwi likaThixo. Nantso into, kuba kulapho ndizimisele ukuhlala khona; hayi ezantsi ekoneni ngaphaya kunye noJoneses, kodwa ngaphaya eLuzukweni apho uYesu akhoyo, umkile ukuya kusilungiselela indawo. Ewe, sifuna okuya. Ewe, mhlekazi. Zigcine kuko konke oku.

¹⁰⁶ Le indala indlu yasemhlabeni apha, niyayazi iyintoni? Lo mzimba unjengedyasi endala othi uyinxibe, idyasi owakhe wayinxiba. Kodwa ngoku unenye engcono kakhulu, akusayisebenzisi kwakhona. Yintoni oyenzayo? Uyixhoma kwindawo yokufihla iimpahla, kuba unenye engcono. Unedyasi engcono. Isemgangathweni kunaleyo ubuqhele ukuyinxiba, ephelileyo. Intoni? Iyilangubo. Ulingaphakathi lokuya phaya. La ngubo yenze kuphela ntoni? Ithwele umfanekiso wakho. Yabona? Kodwa akusayidingi kwakhona ngoku. Uyixhomile. Ngumrhaji.

Kwaye leyo yindlela lo mzimba mdala uyiyo, wena, uthwele umfanekiso wozwulu. Noko, asinguwe. Ukwingaphakathi

lwala mzimba. Wena, uMoya kaThixo, ukwingaphakathi lwala mzimba. Yilonto eyenza ingaphandle lize ekuthobeleni, ngokuba ingaphakathi liyawutsala, yabona, liwuzisa emgceni kunye neLizwi likaThixo; ingaphakathi lakho, wena buqu, ubuqu bakho.

Lo mzimba uyidyasi nje endala. Kwaye ngamini ithile, yintoni oyakuyenza ngawo, kuba wena wawu—wawukwingubo kuphela okwexeshana? Oko kunje ngengubo yomhlaba; lo mzimba. Owenene wakho—wakho umzimba, esenene esakho isiqu, sikwingaphakathi sale dyasi indala oyibiza William Branham, okanye Susie Jones, okanye nabani enguye. Yabona? Ngenye imini iyakuxhonywa kwiholo lomhlaba lwenkumbulo ngawe. Uyakuyibeka ngaphaya engcwabeni, kwaye umntu othile uyakubeka ilitye lengcwaba, “Apha kulele uMfu. *Zbani-bani*, okanye uJohn *Zbani-bani*, okanye u*Zbani-bani*.” Iyakulala phaya njengesikhumbuzo sakho. Abantu bakubone nje *koku*. Kwaye into owawuyiyo, uqobo lwakho, lalingaphakathi kokuya. Kodwa idyasi endala, ngokwayo, nje “ithwala umfanekiso wokokweZulu.”

Owu, bantu, ingaba uwenzile amalungiselelo wokuguqula iidyasi? Ingaba uwenzile amalungiselelo eZulu? Khumbula, kufanele ube namalungiselelo. Akunakungena ngaphandleni kwawo.

Ndithetha nani kwilwimi lwalemihla ngoku, enilaziyo. Ukuba niya ehotele, nithi, “Kuhle, ndine . . .”

¹⁰⁷ “Ingaba unamalungiselelo? Kuhle, ndiyaxolisa. Yonke into igcwalisiwe.” Uphandle engqeleni, ngokuba usilele ukwenza amalungiselelo.

Kwaye ukuba ufika esiphelweni sohambo lobomi bakho, ngaphandle kwamalungiselelo, akusayi kubakho Namnye phaya wokuhlangabeza. Kuyakufuneka ungena kubumnyama baNaphakade apho kuyakubakho ukukhala, nokuntywizisa, nesijwili, nokutshixiza kwamazinyo. Ufanele. Akunakungena eSixekweni, wena, ngokuba akunamalungiselelo. Kufuneka ubenawo, ukuze ungene eSixekweni, apho uYesu aye kukulungiselela indawo. Khumbula, kufuneka ube namalungiselelo, kunye nengubo yosindiso, kuwe. Akunakho.

¹⁰⁸ KuMateyu, ndineSibhalo apha. Ndiqwalasele iSibhalo, uMateyu, amashumi amabini-. . .22:1 ukuya14. Andinaxesha lokuyifunda, ngokuba kuba semva kwexesha kakhulu. Ndithethe ithuba elide, kuni. Kodwa khumbulani, ikumkani yathumela yaza yenza isidlo sangokuhlwa. Yabulala zonke iinkabi zayo, yaza—yaza yalungisa ezityetyisiweyo nayo yonke into, yalungisa isidlo esikhulu sangokuhlwa. Yaza yathumela, yaza yacela abaninzi ukuba beze.

Omnye wathi, “Kuhle, uyazi, kakade, ndingowoku.” “Kufanele ndihambe nefama yam.” Kwaye

omnye wenza izinto ezininzi. Waze wathumela kwakhona, baza babaphatha ngenkohlakalo. Kwaza ekugqibeleni... Eso yayisisizukulwana sobuJuda, uYesu wayethetha kuso. Babenenye into yokwenza.

Emva koko, ekugqibeleni, wathumela, “Waza wathi... Yiya. Nje unga... Banyanzele nje. Yiya ezitratweni nasezintlanganweni zendlela, nayo yonke indawo, uze ubanyanzele bona ukuba beze.” Kwaye emva koko, egqibile ukuba indlu yakhe yayi... Isidlo sakhe songokuhlwa somsitho womtshato sasizakubekwa. Kuzakubakho iindwendwe phaya.

Waza emva koko wafumana indoda phaya engenangubo zamsitho. Yayifuna ukubambelela kwidyasi endala. Kwaye khangela awakutshoyo. “Sihlobo, emveni kokuba ndikumemele kwisidlo sam sangokuhlwa somsitho womtshato, ndaza ndakumema ndakunika isimemo sokuza!”

¹⁰⁹ Kwaye ukuba wakhe wase Mpuma, ndawo endashumayela khona phaya amaxesha amaninzi, esa sidlo sangokuhlwa somtshato sisenzwa nje kanye ngendlela eyayiyiyo. Umyeni, okokuba, konke, uneendwendwe ezininzi azakubanazo. Mhlawumbi, Mzalwana Kopp, mhlawumbi uwubukele phaya e-Indiya. Yabona? Baneendwendwe ezininzi azakuzicela; yithi uzakucela iindwendwe ezingamashumi amathathu.

Ngoku, umyeni kufuneka anikezele ngeengubo. Kufuneka anikezele ngazo, ngoko ke kukho indoda ema ngasemnyango. Kwaye wena uyeza kunye nesimemo sakho. Yona ihlale isimemo sakho ize ikufake engubeni, isambatho. Kuba, abanye babo bazizityebi, kwaye abanye babo ngamahlwempu, kwaye abanye babo bohlukele, kodwa bonke bakhangeleka ngokufanayo xa befumana bafake ezo zambatho. Bonke bakhangeleka ngokufanayo.

Kwaye nonke nifanele nifane. Anizukuba, uthi, “NdingumWisile ngapha. NdingumRhabe ngapha.” Owu, hayi. Akuzukungena, indawo yokuqala. Yabona?

Kufuneka ungene ngeSango. Wathi uYesu, “Ndim iSango lokuya kubuhlanti bezimvu.”

“NdingumPentekoste. Ndikoku. Ndikokuya.” Oko akuthethi nanye into.

Ungena ngelaSango. Kwaye ukuba ungena ngelaSango, ufumana isambatho.

¹¹⁰ Kwaye le ndoda, xa yathi, “Ungene njani apha, sihlobo?” Yabona?

Ibonisa ukuba yeza ngenye indlela, kwaye yangena ngefestyle, yangena ngendlela yangasemva, kodwa hayi ngomnyango; hayi ngeSango, indlela uYesu aze ngayo, ngokuzenza idini; unikezele konke okwakho kuThixo, kwaye uye eKhalvari uze ubethelelwe kunye naYe. Kwaye uvuke kwakhona,

ukuze unxibe isambatho Sakhe sokuzenza idini nokufa kwizinto zehlabathi.

¹¹¹ “Ukuba uyalithanda ihlabathi, okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuwe.” Yabona? Ukuba usenothando lwehlabathi, ufuna ukwenza njengehlabathi, kwaye wenze njengehlabathi; uzama . . . uya . . . Noko, usebandleni, kodwa ikhakakhaka endaweni kunye nengqolowa; ikhwaza kunye nazo zonke, ivuya kunye nazo zonke. Zonke iintsikelelo zikamoya ziphezu kwakho.

Uthi, “Kuhle, ndiprofetile.” Ke naye uKhayafa wenza. Ke naye uBhalam wenza. Oko akunanto . . .

¹¹² “Ndifumene ubhaptizo, uMoya oyiNgcwele.” Oko futhi akunanto yakwenza nayo. Oko nje kuphela sisipho sakho somzuzwana.

Isipho senene ngumphefumlo wakho khona phaya, yabona, owazalwa nguThixo, kwaye oko kulawulela yonke into kwiLizwi likaThixo kunye nentando kaThixo. Kwaye phaya uyakhula, yabona, emva koko uba ngunyana nentombi kaThixo. Ungumntwana kaThixo. Kwaye ezi zinto, njengoko unyukela . . . Njengomama, ngoku usemathunjini omhlaba, uzama ukuphuma. Ungunyana kaThixo, uphuma, kwaye ubona iLizwi lisithi, “Ndifanele ndikwenze *oku*. Ndifanele ndizalwe kwakhona.”

“Kuhle, ndingowebandla.” Oko akuthethi nanye into. Yabona?

“NdingumWisile; umama.” Oko kulungile kumama wakho.

¹¹³ “Kuhle, bethu, ndingumPentekoste. Ndingowayo.” Oko, ukuba akulungelelani kunye nela Lizwi, kukho into engalunganga. Yabona? Ngoko, uyabona, utata wakho wenene asingoThixo. Yabona? Ngokuba, okuya kwenene kuqala emphefumleni wakho, kwangaphambi kokubakho umoya, umphefumlo wakho wawukho. Laa mphefumlo awusuki kuThixo, ngoko wawungeyontsobi kaThixo, ukuqala. Ukhohlisiwe. Ukwindawo yokhula kwaye uthwala imbali yehlabathi yokhula iphuma. Usenza njengehlabathi, uthanda ihlabathi, kungokuba uthando lukaThixo alukho kuwe.

¹¹⁴ Kwaye ngoku kuyakubakho abathanjiswa bobuxoki kwimihla yokugqibela, hayi ooYesu bobuxoki. Abayi kumelana nako. Kodwa, “bobuxoki,” thanjisiwe. Bathanjisiwe, ewe, mhlekazi, kodwa bangabachasi-Kristu. Bathanjisiwe ngoMoya, ukwenza imiqondiso nezimanga awathi uKristu wazenza, kodwa abayi kulungelelana neLizwi Lakhe. Yabona?

“Baninzi abayakuza kuM, ngaloo Mini, bathi, ‘Nkosi, asithanga saprofeta na, kwaye sakhupha iidemoni, eGameni Lakho?’”

Athi, “Mkani kuM, nina basebenzi bobugwenxa. Andizange ndanazi.”

“NdandingumPentekoste, Nkosi. Uzuko kuThixo! Ndakhwaza. Ndathetha ngeelwimi. Kwaye ndabeka izandla kwabagulayo, ndaza ndabaphilisa, ndakhupha iidemoni.”

“Mkani kuM, nina basebenzi bobugwenxa. Andizange ndanazi.”

¹¹⁵ Yabona endikuthethayo? Owu, bantwanana abancinci, ingaba niyasiva ngokuvakalelwa isidingo sesasakhi-mzimba ngobu bubusuku, lanto ithile? Kukho umzimba ulinde ngaphesheya. Kukho umzimba olindele ukwamkelwa. Bantu, sanukulukuhlwa. Sanukulukuhlwa. Umtyholi ngumlukuhli. Kwa ne—nengubo yomtshato, kufuneka niyinxibe Yona. Ifanele.

¹¹⁶ Ngoku sikwixesha langokuhlwa. Umzimba womhlaba ulungele ngoku ukubhangiswa, kwaye silungiselela ukungena eZulwini. Kwaye ngoku siyeva ngokuvakalelwa ubizo olungaqhelekanga, lukaThixo, ukuya kule Eden inkulu. Kwaye ngaphambi kokuba sinokuzalwa apha, imizinjana yethu emincinci ikhalela into ethile emele—emele ukunikezelwa, okanye siyakuba ngabantwana abaxhwalekileyo apha ukuba ibinganikezwanga. UThixo akanankxwaleko phezulu phaya. Bona, wonke ngamnye, ulungelelana ngokugqibeleleyo, uMtshakazi nje ngoMyeni kanye ngokugqibeleleyo wayenjalo, iLizwi libonakalisiwe kwixesha laLo. Thixo yipha, ngobu busuku, abantwana, ngamnye nonke benu! Kukho iZulu lokuya kulo. Kukho isihogo sokuba uhlalele kude kuso.

¹¹⁷ Ngoku, abaninzi benu bayayazi ukuba iNkosi indinike imibono, amawaka ayo. Into enkulu kakhulu. . . Ndandiqhele ukukoyika ukufa. Malunga nesithathu seminyaka eyagqithayo, uyawabona Amadoda Angoosomashishini AngamaKristu, *Ngaphaya Komkhusane Wexesha*. Ndiyaqonda ndingangaphili ndigqithe kobu busuku. Ndingangaphindi ndinibone kwakhona ebomini bam apha, kodwa lena yinyaniso. A—andazi nokuba ndiyakukubiza oku umbono, okanye ibe iyintoni.

Ngenye intsasa, kungekudala, ndandi. . . Ndandisandula kuvuka. Ndandibuya emihlanganweni. Kwaye umfazi wam elele phaya, elele. Ndathi, “Sthandwa, uhleli?” Wayesalele. Ndiyayazi kufanele sivuke, ukusa abantwana esikolweni.

Ndaza ndabeka izandla zam ngasemva, *ngolu* hlobo, ndaza ndathi, “Kuhle, yathi, Bill Branham, uyayazi ugqithile kumashumi amahlanu? Wena, ukuba uzakwenzela into iNkosi, kungcono ukhawulezise, kuba akuzuba naxesha lininzi ngaphezulu.” Ndacinga, “Bethu, ndiyathemba ukuba ndingaphila ndibone ukuFika kweNkosi uYesu.”

Ndasoloko ndinayo engqondweni yam, ukuba—ukuba xa sisifa, ndiyakubona, njengo, mzalwana *apha*. Bendiyakuthi. . .

“Ehe, washumayela enkonzweni yam, ngobunye ubusuku ezantsi emhlabeni, Mzalwana uBranham.” Kodwa, ngu—ngumoya yena, bendingenakho ukuxhawula isandla sakhe, ngokuba isandla sakhe siphaya engcwabeni, sibolile, yabona; nesam, ngokunjalo. Ndandiqhele ukucinga ngolwahlobo.

118 Kodwa ngala ntsasa, xa, ndeva ngokuvakalelwa iNto isiza phezu kwam, ndaza ndacinga. . . Ngokwesiqhelo, njengombono ufika. Kwaye ndajonga, kwaye nda—ndajonga. Ndacinga, “Bethu! Yintoni le?” Kwaye ndajonga, ezinkulu, iinduli eziluhlaza. Kwaye abafazi abasebatsha babevela ndaweni zonke, ngamashumi amawaka, kunye namakhulu amawaka. Kwaye bonke babesiza, iinwele ezinde zijinga emqolo, bexike izambatho ezimhlophe, behamba ngeenyawo, bekhwaza, bengxola, “Umzalwana wethu!”

119 Nda—ndacinga, “Ngoku, oku akuqhelekanga.” Ndajika ngasemva ndaza ndajonga. Kwaye phaya ndalala khona, kwaye kwakukho umfazi wam, elele phaya ebhedini. Ndaza ndathi, “Ngoku, uyazi intoni? Ndifile.” Ndathi, “Okuya, okuya kokwenzekileyo. Ndi—ndifile.” Ndaza ndathi, “Ndingabe ndibe nokuhlaselwa yintliziyi, okanye into ethile. Ndiye ndafa. Nanko ulele umzimba wam.” Ndandilele nje phaya kunye nezandla zam ngasemva, *ngolwa* hlobo, nje ndomile. Ndacinga, “Oko akungomashumi amabini eenyawo ukusuka kum.” Kwaye nako ndiphaya, ndijongile. Ndacinga, “Oko . . . Nankuya umfazi wam phaya. Nantsiya, nantsiya yonke into. Nantso ihempe yam ixhonywe phaya kwipali yebhedi phaya.” Ndaza ndacinga, “Naku ndilapha.”

120 Ndabhekabheka kwakhona, kwaye aba bafazi babesiza bonke. Kwaye babe. . . Ndajonga, kusiza *ngale* ndlela, kwaye phaya kwakusiza abazalwana bam. Owu! Babenyanisekile. Bonke kubo bekhangeleka bengamadoda amatsha. Babekhwaza, “Umzalwana wethu othandekayo!” Owu, andizange ndiyazi emandiyicinge.

121 Ndacinga, “Oku akuqhelekanga.” Ndajonga ngasemva, kwaye ndandingeyondoda indala. Ndandimtsha. Ndacinga, “Oku yinto engaqhelekanga.” Ndacinga, “Ingaba lona ngumbono?” Ndaluma umnwe wam. Ndaza ndacinga, “Hayi. Asilohlobo lombono endibe nalo.”

122 Emva koko, phaya, iNto ethile yaqalisa ukuthetha kum phezulu *apha*, yaza yathi, “Ungenile kunye nabantu bakho.”

Ndacinga, “Kunye nabantu bam? Ingaba bonke aba ngooBranham?”

123 Wathi, “Ngabaguqulwa bakho kuKristu.” Kunye naba bafazi. . .

Uyazi bendisoloko ndibalelwa, kwinto yokuba bayakundibiza “mthiyi-bafazi,” kodwa andinjalo. Yabona?

Kakade, ndiyakholwa...A—a—andikuthandi okungekho similweni, ukungahlonipheki. Ndiyabathanda abenene, abanyanisekileyo oodade kuKristu. Ukuba laa ndlela, kulungile.

¹²⁴ Ndibe namanxeba ngelixa bendigungmtwana. Ndazi izinto ezenzekileyo ezithe ngahlobo luthile zandijika ngala ndlela. Kodwa konke yayi—yayinguThixo, esenza, endibumba ukwenzela le yure. Yabona?

¹²⁵ Ndiyacinga owenene, onyanisekileyo udade, akukho nto ilunge ngakumbi. Ukuba uThixo anganika indoda nayiphi into engcono kunosindiso, Ubeyakuyinika umfazi. Yabona? Kwaye ke, ngoko, ukuba Anganikeza nayiphi nto engcono, Ubengayenza. Kwaye ngoko ukubona abanye babo bejika kwaye bengenzi kwa njengabafazi, bengathembekanga kwizibhambathiso zemitshato yabo, kwaye abayeni babo into ekwanye. Khumbulani, nibophelelekile oko nisaphila, omnye komnye. “Athe uThixo wakumanya emhlabeni, kumanyiwe naseZulwini ngokunjalo.” Yabona?

¹²⁶ Kwaye ke ngoko ndi—ndikubonile oko. Kwaye aba bafazi babaleka benyuka kwaye belahla iingalo zabo ukundibhijela, kwaye bendigona, kwaye bendibiza, “Mzalwana!” Ngoku, babengabafazi, kodwa akunakubakho sono tu kula ndawo. Yabona? Babengabafazi. Kodwa, yabona, yintoni eyenza thina ngoku, umfazi kunye ne—nedlala, idlala lobufazi, kunye nendoda kunye nedlala lobudoda, lelokukhulisa abantwana. Ayisayi kubakho phaya. Bonke bayakuba lidlala elinye, kodwa bayakube bekwisimo. Umfanekiso womhlaba abathe bawuthwala apha uyakuba phaya, kodwa akusayi kubakho sono tu. Nonke niyakuba yinto enye. Akusayi kubakho bantwana bakhuliswayo kwakhona phaya. Yabona? Injalo lonto. Iyakuba yonke ngala ndlela. Kwaye ke ndajonga, kwaye aba bafazi.

¹²⁷ Kwaye bandifunqula. Aba bazalwana bandibeka phezulu endaweni. Ndathi, “Kutheni nikwenza oku?”

Wathi, “Emhlabeni ubuyinkokheli.” Baza bathi—baza bathi, “U... Aba ngabantu.”

¹²⁸ Kwaye kwakukho umfazi othile phaya enyuka esiza. Wathi, “Umzalwana wethu othandekayo.” Omhle kakhulu umfazi!

Xa wegqithayo, eli liZwi lema, lathi, “Akumkhumbuli yena?”

Ndathi, “Hayi.”

Lathi, “Wamkhokelela kuKristu xa wayegqithe amashumi asithoba. Yabona? Akuboni kutheni esithi ‘mzalwana othandekayo?’”

Ndathi, “Kuhle, wena—wena uyaya...”

Lathi, “Hayi. Silinde apha.”

Ndathi, “Kuhle, ukuba ndigqithele ngaphaya, ndifuna ukubona uYesu.”

Lathi, “AkunakuMbona ngoku. Esi siSibhalo, lathi, ‘Imiphfumlo ephantsi kwesibingelelo.’ Yena uphezulwana kancinci. Ngenye imini Uyakubuya. Siyakubuyela emhlabeni. Asityi okanye asiseli apha.”

¹²⁹ Ndathi, “Uthetha ukuba ndandisoyika oku? Kutheni, oku. . .”

Akukho gama lokuyithetha, zihlobo. “Yingqibelelo,” aku—akunayichukumisa, “ukubalasele.” Akukho sigama sasiNgesi endisaziyo, akukho gama konke konke, elinokuchaza into ekuyiyo. Ingaphaya kwenke endiyaziyo. Nanko wayephaya. Kwakungekho kugula, kungekho ntsizi. Ubengenakho ukufa. Ubengenakho ukona. Yayigqibelele nje, igqibelele nje. Zihlobo, musani, musani ukuyiphosa. Khumbulani.

¹³⁰ Kwaye xa ndandiseyinkwenkwana encinci, ndabona umbono wesihogo, ndiseyinkwenkwana encinci. Kwaye uyazi indlela amanenekazi, namhlanje, okanye abafazi (inenekazi alisayi kwenza into enjeya), baqabe amehlo abo njengengcuka, okanye into ethile enjengaleyo, lanto iluhlaza phantsi kwamehlo abo. Ndikubonile okuya. Ndandizika. Njengenkwenkwenkwana encinci, ndandidutyulwe, kwaye ndandilele, ndisifa esibhedlela. Kwaye ndasoloko ndisazi kwakukho uThixo.

Ndikhumbula umthandazo wokuqala endakhe ndazama ukuwuthandaza. Kuphela kwenke endandinokuyitsho. . . A—andizange ndakuchaza oku ngaphambili. Ndiziva nje ndiyakuyichaza kanye ngoku. Ndandidutyulwe, ndilele phaya, ndisifa endle. Kwaye kuphela kwesicelo endandinokuba naso kuThixo, ndathi, “Uyazi, Nkosi, andizange ndakrexeza.” Yabona? Njengencinci, inkwenkwe encinci malunga neshumi elinesihlanu leminyaka ubudala, ndazama ukuphila kakuhle. Kwaye ndathi, “Ndiphile cocekileyo.” Kwaye kuko konke endandinokutsho. Oko kuphela kwenzuzo endandinokuyisa kuYe.

¹³¹ Kwaye ngoku ndilele phaya, ngoku, xa ugqirha egqibile ukuma kum, kwaye ndaziva ndizikela ebumnyameni baNaphakade, kwaye kukhangeleka. Ndakhwaza utata, “Owu, tata, ndincede.” Kwakungekho tata phaya. “Mama, ndincede.” Kwakungekho mama phaya. “Thixo, ndincede.” Kwakungekho Thixo phaya. Kwakungenasiphelo nje, kukubi kakhulu, owu, inarhumane. Ukuvutha, isihogo esivuthayo iyakuba kokuhle, ukuba phezulu ecaleni kokuya. Kwaye ukuwa phaya, ndacinga, “Owu, bethu!” Ukuqhubeka nokuqhubeka, ngolu hlobo. Ndafika endaweni, ukuqhuma, nobumnyama, nokugula. Kwaye, owu, okunjeya ukuziva! Yayikukufa kum.

Kwaye ndandinakho ukubabona abaya bafazi benyuka besiza kum, kunye nolwa hlobo lokuqatywa kwamehlo ngolwa hlobo. Ngoku khumbulani, yayingamashumi amane anesihlanu eminyaka agqithileyo, malunga namashumi amane eminyaka agqithileyo, kakade. Ukuya, babesiya, “Oooh! Oooh! Oooh!”

Ndathi, “Ingaba kufanele ndibe phaya naphakade?”

“Naphakade.”

¹³² Ndathi, “Owu Thixo, ukuba Ungandikhupha apha, a—a— andisayi kuba nazintlani ngaWe kwakhona. Andisayi kuba nazintlani. Thixo, nceda undiphe ithuba.”

Into yokuqala oyaziyo, ndaziva ndibuyela emva. Kwaye ugqirha wayothukile, kuba intliziyo yam yayibetha kuphela amaxesha alishumi elinesixhenxe ukuya emzuzwini. Ndandigqibile ukopha igazi lam nayo yonke into, ndandilele egazini lam. Kwaye ndamangala, ngenye imini okuya kuyakwenzeka?

¹³³ Malunga neminyaka eminibini eyagqithayo, xa ndafudukela eTucson, ndandikunye nomfazi wam ezantsi e J. C. Penney’s. Ndandihleli phaya ngolwa hlobo, kunye nentloko yam ezantsi, ndilindle. Kakade, niyazi indlela, amanenekazi, bathenga ixesha elide. Kwaye nda—ndandihleli phaya, intloko yam ezantsi ngolu hlobo. Kwaye amanyathelo ahambayo ayenyuka. Kwaye naku kunyuka abathile babafazi, kunye nako ukuchetywa kweenwele intloko ibengathi yezele amanzi, niyazi, njengoko besenza, ngolwa hlobo. Benyuka benawo amehlo aqatyweyo ukujongeka ngolwa hlobo. Kwaye babethetha iSpanish. Kwaye okuya kokuya. Wona wonke (umbono) wenzeka kwakhona. Nako wawulapho, “Oooh! Oooh!”

¹³⁴ Mzalwana, dade, mandikuxelele into ethile. Ingakhangeleka hlekekayo ngoku, kodwa khawukhe ufike phaya. Yinto ebalulekileyo. Ungaze uhambe ngala ndlela.

¹³⁵ Mna, njengendoda endala, umlungiseleli, ndashumayela ihlabathi lonke, ndafumana izigidi zezihlobo, kodwa ndiyayazi ndifanele ndime kunye nani ngaphaya. Sukani kwizinto zehlabathi. Kwaye ukuba kukho into ethile kuni, yokuba nisafuna ukwenza ngendlela enenza ngayo, ukuba ninazo izinto zehlabathi kuni, khumbulani, aningabo abakaThixo. Ulilungu nje lecawa, lide elwabizo; laa nzulu, ebiza kwiNzulu. Yabona?

¹³⁶ Njenga, phambili kwakukho iphiko lokudada kumqolo wentlanzi, kwafuneka kubekho amanzi ukwenzela yona idade kuwo, kuqala, okanye yayingasokuze ibe naphiko lakudada.

Ngaphambili kwakukho u—umthi wokukhula emhlabeni, kwafuneka kubekho umhlaba, okanye kwakungasayi kubakho mthi wokukhula kuwo. Kwakungayi kubakho sizathu somthi, kwaye wenziwe ubekho nawo.

¹³⁷ Ngaphambi kokubakho kwendalo, kufuneka kubekho uMdali. “Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa.” Yabona? Kukho into ethile kuthi. Uphakamise isandla sakho ethubeni eligqithileyo, “Ndifuna ngakumbi ngoThixo.” Yabona? Kukho into enesidingo.

Kwaye ukuba uyalithanda ihlabathi, uhamba ngala ndlela, izinto zehlabathi, uhambo lwehlabathi uyakuluhamba, kwaye kwisiwo uyakuba kuso. Yabona? Phumani. Ningonyana neentombi zoKumkani, uKumkani. Yibani ngamanenekazi namanene. Hambani njengamaKristu. Philani njengamaKristu. Yezani njengamaKristu. Khumbulani, ndiyakuhlangana nani kwiSihlalo soMgwebo kunye nale ntetho. Yabona?

¹³⁸ Khangela kwiglasu zakho zokujonga, ngobu busuku, uze ubone. “Yeyiphi indlela endiya kuyo? Ingaba uYesu undilungiselela indawo, umzimba? Laa mzimba ugqibelele. Laa mzimba uhamba ngochwango. Ngunyana okanye intombi phambi koThixo. Kwaye ndizintlungu zokuzala *apha*, ukuba ndizalelwe kula mzimba phaya. Ukuba ndisalithanda ihlabathi, indibonisa ukuba (andinguye) andinamzimba phaya. Ndililungu nje lecawa. Ndandingeyontsobi kaThixo. Andiyiyo. AkangoBawo wam.”

¹³⁹ Wathi, “Ukuba akunakumelana nengqeqesho,” yilonto oyifumanayo ngoku, “ngoko ke ungumgqakhwe, kwaye hayi abantwana bakaThixo.” Ingaba ayinjalo lonto? [IBandla lithi, “Injalo.”—Mhl.] Ingaba iBhayibhile itsho njalo? [“Amen.”]

Ukuba akunakumelana nengqeqesho kaThixo, xa ubona iSibhalo sikulungelelanisa, uze uthi, “Owu, andifuni kuva la Nto. Ndi—ndingumKristu. Ndenza i. . .” Kulungile. Qhubeka. Yabona? Bubungqina obuqinisekisiweyo bokuba akunguye umntwana kaThixo.

Kodwa umntwana wenene kaThixo ulambela anxanelwe. Kutheni? Ukuba kukho into ethile entliziyweni yakho, ekuxelelayo uyayifuna, kwaye iyafuneka phaya, ibonisa kukho into ethile engongozayo, ezama ukukutsalela phaya. Kukho umzimba phaya, lowo *lona* ungumfuziselo wawo apha. Uwusebenzisela ntoni lona, ukuzukisa umtyholi nehlabathi, neefashoni nezinto? Ingaba ujonge ngaseZulwini, kukho into ethile phezulu phaya, uzukisa uThixo ngobomi bakho?

Endlwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala: ukuba bekungenjalo, ngendanixelelayo. Kwaye ndiyakumka ndiyekunilungisela indawo.

. . . ndiyakubuya ndize, ndinamkelele kum ngokwam; ukuze apha ndikhona mna, nibe khona nani.

¹⁴⁰ Izinto Eziyakubakho. Ezi zinto ezikhoyo ngoku, ziyathembisa kuphela, zibiza izinto eziyakubakho.

Masithandazeni.

¹⁴¹ Cingani ngokukhathala kakhulu. Ingaba niyakuyenza, zihlobo ezithandekayo ezingamaKristu? Cingani ngokukhathala ngenene, nje umzuzu. Masithi cwaka ngenene nje umzuzu. Vumela uMoya oyiNgcwele athethe.

Ngoku, iNkosi uYesu indithumele kuni bantu bama Pentekoste, kudala. Nantsi enye yamakhwenkwe enu ethe yenyuka yeza ukuba ngumalusi, yathi, “Iphuma kulungiselelo.” Iyibonile iNkosi uYesu ivula amehlo eemfama; “isenza,” yathi, “iintloko ezizele ngamanzi ziswama.” Ndisenazo iinkonzo zempiliso. Kodwa ndiqondile ukuba ndithandazele abantu abaninzi ababegula kakhulu. Baphiliswa. INkosi yaphendula imithandazo, yaza yaphilisa abagulayo. Kodwa, niyazi, abanye babo bantu, baphiliswa, sele bafayo. Kwaye akukhathaliseki ugula kangakanani, ukuba uphilisiwe, uzakufa, kakade.

Kodwa lamphefumlo, mzalwana wam othandekayo, lamphefumlo, dade wethu othandekayo, akungecingi malunga nawo ngoku? Oko nguNaphakade. Ukuba olwa thando lukaThixo alukho phaya, akukho nto itsalayo, akunakucela uThixo, “Owu Thixo, ndiqalise ekuqaleni, kakutsha, ngobu busuku. NdiyaKuthanda, Nkosi. Ndifuna ukuKuthanda. Kwaye into ethile entliziyweni yam indixelela ukuba mandihlale kufutshane kuWe. Ndifuna ukuza, kanye ngoku, Nkosi, ndize ndikwenze oko?” Ukuba lo mtu okanye abo bantu bakwesi sakhiwo okanye ngaphandle kwesi sakhiwo, ndicela wena, njengesicaka sikaKristu, eGameni likaYesu Kristu, ungakhe nje, ngentloko yakho iqutyudiwe, uphakamisele isandla sakho kuThixo utsho kangaka, “Thixo, ndisondeze kufutshane, kufutshane, Thixo othandekayo. Ndifuna ukungqamana nayo yonke into onayo Wena eLizwini Lakho”? Phakamisa izandla zakho. Ngoku nyaniseka nje ngenene. Cinga nje.

¹⁴² Ngoku, bathi, “Owu, ndikwenzile *oku*. Ndi, ndikhwazile, uMoya. Ndithethe ngeelwimi. Kodwa, jonga, kukho into ethile esilelayo ebomini bam. Ndiyonga esipilini seLizwi likaThixo, ndiyazi kukho into ethile. Ndiya ebandleni, kodwa andikuko oko ndifanele ndibe kuko.” Yabona? Oko kubonisa oko, into ethile.

Ngoku, ukuba ungajonga kwisiqu sakho uze ubone ukuba akungqamenanga neLizwi likaThixo, kwaye akukho nto phaya eyakukubangela uphakamise isandla sakho, ngoko uyazi kukho into engalunganga. Unayo. Kukho i...Umama wayeqhele ukuthi, “Akunakufumana igazi kwiteniphu, ngokuba akukho gazi kuyo.” Yabona? Cinga ngayo, ngokwenene kakhulu. Eli lingaba lithuba lakho lokugqibela. Amashumi amathathu, amashumi amane ezandla beziphakamile, eli qela lincinci apha, nkqu nakoonyawontle.

¹⁴³ Yibani ngabahloniphileyo ngenene nje umzuzwana. Ngoku cinga ngokuthe ngqo ngenene. “Thixo othandekayo, ndingabulawa, ngobu busuku, kwingozi. Ndingafa kuhlaselo

lwentliziyo. Ngenye yezi ntsasa, ndingabiza ugqirha, kwaye eze, kwaye ukubetha kwentliziyo yam kubetha emkhonweni wam; ndimkile. Ndinyanzela isidlele sam emqamelweni, ndibize, ‘Owu Thixo! Owu Thixo! Owu Thixo!’” Yabona? Laa ntliziyo yenza ukubetha kwayo kokugqibela. Uza kwela Sango likhulu. Akusayi kuphuma ude ube uzelwe kwakhona ngoMoya kaThixo. Akusayi kuphuma kude kube kukho into ethile kuwe, emveni kokuba uzalwe ngoMoya kaThixo, ulambele kwaye unxanelwe ukuqhubeka noThixo. Ifanele ibe njalo. Yabona? Ungumntwana emhlabeni, kumathumbu omhlaba, usalindele ukuzalelwa ebuKumkanini bukaThixo, apho Aye kulungiselela omnye umzimba, lowo ngumzimba ogqibeleleyo.

Ngoku cinga nzulu ngenene, kwaye masithandazeni ngokudibeneyo.

¹⁴⁴ Thixo othandekayo, njengoko ndisazi ukuba oku kungeniswe ephepheni eNcwadini, iNgxelo enkulu! Sigxadazelele kwinzululwazi, Nkosi, ngokwaneleyo ukuba isivuse, ukwenzela okuyinene ukwazi ukuba yonke intshukumo esiyenzayo ijikeleza lonke ihlabathi, ngaxesha linye siyenza. Sikufumana oko ngomabonwakude. Siyaqonda, Bawo, ukuba laa mabonwakude akenzi mfanekiso, uhambisa nje kuphela uku-ukungcangazela kuye kumbhobho owenza umfanekiso. Nkqu nombala wempahla esizinxibileyo, ubonakaliswa kumaza omoya, okwakungcangazela kwihlabathi lonke. Ngoko banjani odade bethu kunye nezompahla bezinxibile, besenza ngolwahlobo, kwaye bengalambelanga nokulambela; ubuso obuqatyweyo, iinwele ezichetyiweyo?

Abalungiseleli abayakuya kwisikolo senkolo, esinye isikolo sakwalizwi, “Kwaye bathathe izinto zelizwi lomntu, ezenza, ngezithethe zabo, zenze imithetho kaThixo ingabi namandla ebantwini, ngezithethe zabo,” besithi kufanele babe ngabecawa, kwaye kokuya konke.

Owu Thixo, ingaba bayaqonda ukuba lonke ilizwi esilithethileyo, kungqinisisiwe ngokobunzululwazi, likushicilelo? Kwaye liqalisa xa siqalisa ukuphila kulomhlaba. Liphela xa sifayo, kwaye lifakwe kwi-albham kaThixo, ukuze lidlalwe emva kwakhona eMgwebeni.

Sizakusinda njani kuwo, umgwebo kaThixo, ukuba into yenziwe yacaca kangako phambi kwethu kwaye noko siyayala Yona?

Owu Thixo othandekayo, la Mazwi akaze afe. Ayaqhubeka eqhubeka. Ushicilelo luyakudlalwa kuMhla woMgwebo. Uzibonile ezo zandla eziye zabheka phezulu, Bawo. Iyakuba phaya kanye ngoMhla woMgwebo. Kananjalo, oko intliziyo zabo bezikucinga, kuyakuba phaya kuMhla woMgwebo.

¹⁴⁵ Ngoku, Bawo Thixo, ndicela Wena, njengesicaka Sakho, ndiyathandaza ukuba Uyakususa bonke ubugwenxa ebantwini

Bakho. *Ubugwenxa*: into ethile esiyaziyo sifanele siyenze, size singayenzi. UDavide wathi, “Ukuba ndiyila ubugwenxa entliziyweni yam, uThixo akasayi kuphendula imithandazo yam.” Ndiyathandaza, Thixo, okokuba uyakususa ubungwenxa bethu, kuba iLizwi liyiglasa Yakho yokujonga esibonisa sisilele kangakanani ekubeni ngoonyana neentombi zikaKumkani. Bawo, ndiyathandaza ukuba Wena uyakuyenza, ngobu busuku.

¹⁴⁶ Kwaye wenza esa siguqo, kuba isiguqo sizele ngabantu. Kwaye wenze esa siguqo, phaya esitulweni apho bahleli khona, yenza la ntliziyo yabo isibingelelo. Langa ihlabathi lingasuka kuye wonke umzalwana, dade ngaphakathi apha. Kwaye yanga la ntsobi incinci yoBomi, imfuza kaThixo esisandula ukuthetha ngayo, esasibonakaliso esisuka ezantsi kuThixo, kwaye sibe sibonakalisiwe apha ukuhlonipha nokuzukisa uThixo. Thixo, susa ihlabathi kokuya.

¹⁴⁷ Abanye, andinakuthandaza, Nkosi, ngokuba “ukugula kusingisele ekufeni,” kwaye akukhonto phaya ebangela bona bashukume. Kodwa abo banakho ukushukuma, kwaye besazi ukuba akulunganga, coca iintliziyzo zabo nemiphefumlo yabo, ngobu busuku, Bawo. Kwaye banga bangazaliswa nguMoya Wakho, bahambe ekuKhanyeni Kwakho.

¹⁴⁸ Sikelela lona uthandekayo, umtsha, usempilweni, womeleleyo ukukhangeleka umalusi apha, Nkosi. Lo mfana usemtsha, uphenjelwe, wathi, ngoko akubonileyo Wena ukwenza. Lo ulungileyo umfana osemntsha, Owu Thixo, beka umphefumlo wakhe ekuvutheni. Nika oko, Nkosi. Wanga angaba ngumalusi onyanisekileyo, ngokuqhubekaka, lonke ixesha, ukondla umhlambi athe uMoya oyiNgcwele wamenza umveleli wawo. Nika oko, Nkosi. Wanga angangaguqukeli ngasekunene okanye ngasekhohlo, kungabikho ndlela yamvumo nkolo, kungabikho nto ingenye kuphela iLizwi elingakrexezwanga likaThixo liphuma emlonyeni wakhe, kwayo oKuya kuphela. Msikelele, Thixo, yena kunye nabathandwa nguye, nebandla lakhe elincinci apha. Yiba nabo bonke, Bawo.

¹⁴⁹ Ndinikela oku kuWe, Bawo. IMbewu ityaliwe. Yanga Ingawela phezu kwalambewu yayibekelwe uBomi, kwaye ikhule ngokukhulu, bengamaKristu omeleleyo eli bandla apha, kunye namanye amabandla apho basuka khona. Nika oko, Nkosi. Ndiyinikela kuWe, eGameni lika Yesu Kristu, uNyana kaThixo.

Kwaye, Bawo, “Wahlatywa ngenxa yezikrege zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu Kwakhe; kwaye ngemivumbo Yakhe saphiliswa.”

¹⁵⁰ Ndibone engena ngomnyango, kwimizuzu embalwa egqithileyo, olusizi ophakuphaku umfazi. Kwaye, Owu Thixo, kusapho lwakhe, ezinjani ukubankulu izinto ezenziweyo, indlela Wena Ozibonakalise ngayo! Ndiyathandaza, Thixo, ngalamfazi.

Susa konke okuya kwangasemva kudlulileyo, kobomi, Nkosi, uze umphilise ngobu busuku. Ingaba Uyakuyenza, Nkosi? Mthabathele kuWe.

¹⁵¹ Yibone, abantwanana abancinci behleli apha, Nkosi, bedinga impiliso, abanye. Ndiyathandaza ukuba Wena uyakubaphilisa, Bawo. Nika oko. Anga amakhulu amandla Akho empiliso angeza kwaye asiphilise, kokubini umphefumlo nomzimba.

¹⁵² Kwaye ngoku, kuwe ngoku osebandleni apha, okanye ngaphandle, odinga impiliso, ndifuna uphakamise isandla sakho, uthi, “Ndinga impiliso, Mzalwana uBranham.” Kukhangeleka ngathi wonke ubani uyayidinga. Kulungile. Ingaba uyakundikholelwa ukuba ndisisicaka sikaKristu? Yithi, “Amen.” [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko, ndifuna nibeke izandla zenu omnye komnye. Beka nje izandla zakho omnye komnye. Uziphakamisile izandla zakho, lowo ungaphakathi okanye ngaphandle, uziphakamisile izandla zakho, okokuba ningamakholwa kuThixo.

UYesu Kristu wathi, umyalelo Wakhe wokugqibelela eBandleni, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo. Lowo ukholwayo... Lowo ukholwayo aze abhaptizwe uyakusindiswa. Lowo ungakholwayo uyakugwetywa. Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo abakholwayo; eGameni Lam bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; ukuba babambe iinyoka okanye basela izinto ezibulalayo, aziyi kubenzakalisa; kodwa, kwaye ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.” Ngoku, uYesu wakutsho oko. Khumbulani, Wakutsho oko. Oko kufanele kubenjalo. Wayengenakutsho oko ngaphandleni kokuba uyakubakho umntu othile onokunqakula ela Lizwi.

Njengesibeleko sikaMariya sinokunqakula intsobi, “Intombi iyakumitha.” Njengomthi wosundu onokudalwa, umthi wom-oki endulini, iLizwi Lakhe liyenzile.

ILizwi Lakhe linganqakulela entliziyweni yakho kanye ngoku. “Ndilikholwa, Nkosi. Le ndoda okanye lo mfazi ndinesandla sam kuye, bava ubunzima. Andithandazeli mna. Ngokuba, bayandithandazela. Ndithandazela yena, okanye yona. Kwaye, Owu Thixo, yiphilise, mphilise. Kwaye ndilikholwa, kwaye ngoku sihlanganisene. Sisandula ukufundiswa ukuba sasikunye noKristu xa Wahamba emhlabeni, kuba siyinxalenye yeLizwi Lakhe. Seva ubunzima kunye naYe. Sopha kunye naYe. Safa kunye naYe. Sangewatywa kunye naYe. Siyavuswa kunye naYe, kwaye sihleli kunye kwezasemaZulwini iindawo kuKristu uYesu. UKumkani omkhulu ehleli apha phakathi kwethu, kwaye ndingunyana okanye intombi yalo Kumkani. Kwaye ndinesandla sam sibekwe phezu konyana okanye intombi kaKumkani, ondithandazelayo,

kwaye ndiyabathandazela. Ngoku, Nkosi, phendula umthandazo wam, uze uphilise lonyana kaThixo okanye le ntombi kaThixo.”

Ngokudibeneyo, masithandazelaneni ngoku.

¹⁵³ Nkosi uYesu, siza ngokuthobekileyo, sivuma iziphoso zethu. Siza, sivuma ukuba sifanelwe kukugula nokufa, nentsizi, kodwa samkela ungxengxezelo Lwakhongxeni ngenxa yezono zethu nokugula kwethu. Kwaye, ngobu busuku, aba nyana neentombi zikaThixo, zihleli apha, sisiva ulungiso lweLizwi, kwaye ziphakamisa izandla zazo, kwaye zifuna uhambo olusondeleyo. Babeke izandla omnye komnye ngoku ngokuba bayakholelwa iLizwi Lakho ukuba yinyaniso. Bayakholelwa ukuba ngoku sivukile kunye noKristu, sihleli kwezaseZulwini iindawo kunye naYe. Babeke izandla omnye komnye, bethandazelana.

Uthe, “Umthandazo wokholo uyakusindisa ogulayo, kwaye uThixo uyakumvusa; kwaye ukuba wenze nasiphi isono, siyakuxolelwa. Vumani impazamo zenu omnye komnye, nithandazelana, ukuze niphilise. Kuba onamandla ozondeleleyo umthandazo welungisa uyoyisa.” Owu Thixo onguNaphakade, yiva umthandazo wezicaka Zakho.

Kwaye ngoku, kubhaliwe kwakhona, “Ukuba abantu, ababizwa ngeGama laM, bayakuzihlanganisa, bathandaze; ngoko Ndiyakuba ndiseZulwini.” Owu Thixo, yiva umthandazo wabantwana Bakho ngobu busuku, useZulwini. Thumela uMoya oyiNgcwele phezu kwesi sihlwele, njengomoya onamandla ovuthazayo. Kwaye sizisa aba bantu phambi koThixo.

¹⁵⁴ Sathana, woyisiwe. Uyinto eyoyisiweyo. UYesu Kristu wakoyisa eKhalvari. Akunamandla. Usisothuso. Sibiza isandla sakho, ngobu busuku. EGameni likaYesu Kristu, phuma kwaba bantu apha, wena sigulo nezifo. Kwaye banga bangahamba, bekhululekile, eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo.

¹⁵⁵ Haleluya! Yivani uzuko lukaThixo! Yivani umthandazo wenu uphendulwa. Niyamkholelwa uThixo umphendule umntu ohleli ngakuwe? Bangaphi abayikholelwayo? Phakamisani izandla zenu. [IBandla liyavuya—Mhl.] Nantso ke. Owu, mmangaliso!

NdiyaMthanda, ndi . . .

Ngezandla zenu ziphakanyisiwe ngoku, yiculeni kuYe, ngentliziyo yenu yonke.

Ngokuba Wandithanda kuqala . . .

Ingaba nibhekiselele kuyo, ngentliziyo yenu yonke ngoku?

¹⁵⁶ Bangaphi kuni abeva ngokuvakalelwa ukuba uThixo ubuxolele ubugwenxa benu, izinto enizenzileyo? “Kwaye ukusukela kobu busuku ukuqhubeka, Owu Mvana kaThixo, ndithembisa ukuhamba ndithe ngqo. Ndiyakuhamba ngokuhlunipha iGama endibizwa ngalo, umKristu, ubomi bokufana noKristu. Ndiyakuphakamisa izandla zam, Thixo.

Ndizinikela ngokutsha kuWe, ngobu busuku. Ndiyakuhamba ekuKhanyeni.” Amen.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle,
Kuvela apho amaqabaza ombethe wenceba akhanyayo;
Kukhanya konke ukusingqonga, imini nobusuku,
UYesu, uKhanyiso lwehlabathi.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, Kokungako ukuKhanya okuhle,
Kuvela apho amaqabaza ombethe. . .

Apho Aye kusilungiselela indawo.

Sikhanyisele sonke ngokusingqonga, imini nobusuku,
UYesu, uKhanyiso lwehlabathi.

Yizani, nonke bangewele bokuKhanya nibabaze,
UYesu, uKhanyiso lwehlabathi;
Inyaniso nenceba eGameni Lakhe,
UYesu, uKhanyiso lwehlabathi.

Yintoni esiyakuyenza ngoko?

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle,
Kuvela apho amaqabaza ombethe wenceba akhanyayo;
Kukhanya konke ukusingqonga, imini nobusuku,
UYesu, uKhanyiso lwehlabathi.

Owu, ingaba akuvakalelwa khuhlekileyo, nivakalelwa kamnandi? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Owu, bethu! Masixhawule izandla, njengoko sricula kwakhona.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, Kokungako ukuKhanya okuhle,
Kuvela apho. . . (UTHixo akusikele, mzalwana.) . . .enceba akhanyayo;
Kukhanya konke ukusingqonga, imini nobusuku,
UYesu, uKhanyiso lwehlabathi.

Masivale nje amehlo ethu siyingqumshela. [Mzalwana uBranham nerhamente bayaqalisa ukungqumshela *uYesu, UKhanyiso Lwehlabathi*—Mhl.] Siyokwenza nje ngabantwana. Singabantwana.

Owu, kokungako ukuKhanya okuhle,
 Kwaye Kuvela apho amaqabaza encebha
 akhanyayo;
 Owu, kukhanya konke ukusingqonga, imini
 nobusuku,
 UYesu, luKhanyiso lwehlabathi.

Ingaba niyamthanda Yena? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
 Wena Mvana yeKhalva- . . .

Vala nje amehlo akho uze uyicile. Nqula useMoyeni.

Msindisi oNgcwele;
 Ndive ngoku ngelixa ndithandaza,
 Susa zonke izono zam,
 Owu ndenze ukusukela ngale mini
 Ndibe ngoWakho ngokupheleleyo!
 Ndisacanda indlela yobomi obumnyama,
 Nentlungu indirhangqile,
 Owu, yiba NguMkhokeli wam;
 Yenza ubumnyama bube yimini,
 Sula usizi loloyiko,
 Ungandiyeki ndiphambukele
 Ecaleni kuWe.

¹⁵⁷ Owu, bethu! Ndiyazi ndingumfo nje wefashoni endala. Ndiyathanda . . . Ndinga oko kunako konke okutsha, kwenziwe izijungqe, into engenaxabiso, ukulinganisa isingqi serock-and-roll, izigidi zeemayile. Zona iimbongi ezindala ezabhala zona iingoma, uMoya oyiNgcwele wachukumisa ela siba, laqalisa ukubhala. Owu, bethu! Ndinga ngo-Eddie Perronet kunye nabo bonke; abakhulu! UFanny Crosby:

Uze ungandedluli, Owu Msindisi olungileyo,
 Yiva ukukhala kwam okuthobekileyo.

¹⁵⁸ Ngelinye ixesha babezama ukumfuna. Wayenge—wayengenzi njengoko u-Elvis Presley umPentekoste, ukuthengisa ubuzibulo bakhe ngenxa yimbutyulelo yeeCadillacs. Yena . . . Beza kuye befuna ukuba abhale—abhale iingoma zobuhlabathi. Wathi, "Andisayi kuyenza, ndiyenzela nanye into."

Wathi, "Kutheni, uyimfama. Xa ufika eZulwini, uyakumazi njani Yena?"

Waguquka, intumekelelo, ke wathi:

Ndiyakumazi Yena, ndiyakumazi Yena,
 Kwaye ndihlangulwe ecaleni Kwakhe
 ndiyakuma;
 Ndiyakumazi Yena, ndiyakumazi (Njani?)
 Ngeziva zezikhonkwane kweSakhe. . .

Ngenye indlela, “Ukuba andimbonanga Yena, ndiyakuva isandla Sakhe.”

Ndiyakumazi Yena, ndiyakumazi Yena,
Kwaye ndihlangulwe ecaleni Kwakhe
ndiyakuma;
Ndiyakumazi Yena, ndiyakumazi Yena
Ngeziva zezikhonkwane kweSakhe isandla.

¹⁵⁹ Ayikwenzi umthande Yena? Umkile ukuya kusilungiselela indawo! “Kwaye ukuba ndiyemka ndize ndilungise indawo, ndiyakubuya kwakhona, ukuze ndinamkelele kuM.”

¹⁶⁰ Bantwanana abancinci ekubulalekeni ngoku, thobelani kwakhona imithetho kaThixo. Kwaye umalusi, apha, ukuba akukho namnye kuni obebaptiziwe, amanzi ayakube elungile. Kwaye—kwaye ubulungu bebandla, okanye nantoni na oyifunayo ukuyenza, okanye nantoni na, yenze. Akunalo ubhaptizo, loMoya oyiNgcwele, obu bubusuku bokulwamkela Lona. Anikukholelwa oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁶¹ “Owu,” uthi, “Mzalwana uBranham, sekusemva kwexesha. Kudala ugqibile ukushumayela ixesha elide.”

UPawulosi washumayela ubusuku bonke, ngobunye ubusuku, olu hlobo lunye loMyalezo. Kwaye omncinci . . . Umfo osemntsha wawa eludongeni wazibulala. Kwaye uPawulosi, ethanjiswe kakhulu ngolwahlobo lunye loMyalezo, wabeka umzimba wakhe phezu kwakhe, baze ubomi babuyela kuye kwakhona. Usengu “Yesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje naphakade.”

Ingaba animthandi Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nje masithi, kwakhona, ngezandla zethu phezulu, “NdiyaMthanda. NdiyaMthanda.”

Uphi umdlali piyano? Phaya, ukuba unakho, dade, nokuba ngubani. Sinike esincinci isikhokelo sandi, ukuba uyakubanakho.


Bangaphi abaMthandayo? Phakamisa nje isandla sakho. Uthi, “NdiMthanda ngenene. NdiyaMthanda nje, ngayo—ngayo yonke intliziyo yam. NdiyaMthanda.”

¹⁶² Ngoku masiyicile nje, kuzuko lukaThixo. Ngoku, ngamehlo ethu evaliwe, izandla zethu phezulu eZulwini, “NdiyaMthanda. NdiyaMthanda.” Siyanqula. Xa ushumayela, unqunqe, ukrazule, uze utsale ngolwahlobo, lana ngamafutha athi uThixo awagalele, ayaphilisa nje. “Akhona aMafutha eGiliyadi, ukwenzela umphefumlo.” Masiyicile ngoku. Sinike isanduleli-sandi.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga intsindiso yam
Emthini weKhalvari.

¹⁶³ Kwaye ukuba... “Ngako oku bonke abantu bayakuyazi ukuba nina ningabafundi baM, xa nithandana, omnye nomnye.” Injalo lonto. Ukuba asinakuthandana omnye nomnye lowo simbonayo, sizakumthanda njani uThixo Lowo singenakumbona?

NdiyaMthanda.

¹⁶⁴ [UMzalwana uBranham uthetha nomzalwana eqongeni—Mhl.] UThixo akusikelele. [Umzalwana uthi, “Ukubalapha ngobu busuku kuliwonga ngenene elisuka eZulwini.”] Enkosi, mzalwana. [“Kumnandi ngenene.”] Ngoku, ndicinga ibandla, wonke ubani, womeleziwe. Aninjalo? [“Ewe. Ngenene.”] UThixo akusikelele, Mzalwana uBoone. Ndiyakunikezela irhamente kuwe. UThixo akusikelele. 

IZINTO EZIYAKUBAKHO XHO65-1205
(Things That Are To Be)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngeCawe, ngoDisemba we-5, 1965, eFirst Assembly Of God eRialto, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org